

Wes-Kaap Onderwysdepartement  
Western Cape Education Department  
ISebe leMfundu leNtshona Koloni

# Jaarverslag Annual Report INgxelo yoNyaka

## 2008/09

©2009 Western Cape Education Department



PR Number: PR187/2009  
ISBN Number: 978-0-621-38819-0

Ukuba ufuna iikopi ezongezelelweyo zolu xwebhu,  
nceda uqhamshelane kunye:  
NeNtloko: kwezelMfundu, Private Bag X9114,  
Cape Town, 8000  
Umnxeba: 021 467 2531  
Ifekisi: 021 461 3694  
i-e-Mail: [media1@pgwc.gov.za](mailto:media1@pgwc.gov.za)

# **ISebe leMfundu leNtshona Koloni**

**INgxelo yoNyaka: 2008/2009**

**Iziqulatho**

**Amaphepha**

INgcaciso Ngokubanzi

Isiqendu 1

1-2

IProgram yoKwenziwa koMsebenzi

Isiqendu 2

1-109

INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Isiqendu 3

1-4

INgcaciso ngeeMali zoNyaka

Isiqendu 4

1-62

ULawulo IwaBasebenzi

Isiqendu 5

1-28

## Imbulambethe

Le Ngxelo yoNyaka inika irekhodi ebanzi yomsebenzi weSebe leMfundu leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department (WCED)*) kunyaka-mali ka-2008/09. Ngenxa yokutshintshwa kolawulo emva koNyulo Jikelele luka-2009, ngako oko ke imiba ekule ngxelo iwela phantsi kwethuba apho ibingamagunya olawulo angaphambili ebebamble iintambo.

Nakuba kunjalo, kukho iqela leeprojekthi eziphambili kunyaka-mali ka-2008/09 ezingqinelanayo neepryorithi ezibalulekileyo zolawulo lwethu.

Oku kubandakanya ukwandisa kokwazi ukufikelela kuPhuhliso IweMfundu yaBasaqalayo (*Early Childhood Development (ECD)*) kweendawo zoluntu oluthwaxwa yintlupheko, ukuphucula nokulondoloza iziseko zophuhliso zezikolo (*school infrastructure*) ngokuphumeza "iprogram yoPhuculo, uPhuhliso, iNkxaso nokuPhakanyiswa koMgangatho" ("Quality Improvement, Development, Support and Upliftment programme" (*QIDS-UP*)), ukwandisa ukhuseleko Iwezikolo, nokuphucula amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari ngokuphumeza iPhulo leZiseko zokuFunda (*Foundations for Learning Campaign*).

Ezinye izinto ezinegalelo elihle zibandakanya ukwanda kokwazi ukufikelela kwiProgram yeSondlo yeZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Programme*) nokuthuthwa kwabafundi.

Sijonge phambili kunyaka-mali ka-2009/10, siya kuseenza nzima ukuphumeza iiprivorithi zethu kuzo zonke ezi nkalo nokwenza igalelo elincomekayo ekuphuculweni komgangatho wemfundu eziklasini zethu, kuphuculwe ubunkokeli nolawulo Iwezikolo zethu, nokwandisa inani labafundi abafumana izakhono kwiSayensi, iThekhinolofi, ezeNjineli neMathematika (*Science, Technology, Engineering and Maths (STEM)*).

Sizimisele kwakhona ukuqinisekisa ukuba yonke irandi echithwayo kule bhajethi ijolise ekongezeni ixabiso kwimeko eqhubeka eklasini. Siya kuthi ke ngoko siphonononge, senze umlinganiselo ongumzekelo silinganise inkcitho yokwenza oku kube yinto eyenzeka ngokwenene. Siya kuthi kwakhona sizisiphule neengcambu iimfuno ezisekeleze kwinzuso (*vested interests*) ezinokunciphisa ubuchule bethu bokuphucula intsebenziswano phakathi komfundi notitshala, kungakhathalliseki nokuba ziphi na.

**Donald Grant**  
**UMphathiswa weMfundu wePhondo**  
**ENtshona Koloni**

## I Candelo 1 – INgcaciso ngokuBanzi

### 1.1 Ukungeniswa kwengxelo yonyaka kwabasemagunyeni olawulo

Ukwenjenje kukungenisa ngokusesikweni ingxelo yonyaka yeSebe leMfundu leNtshona Koloni yonyaka ka-2008/09 kwabasemamagunyeni olawulo abachaphazelekayo.

### 1.2 Intshayelelo yeNtloko yeSebe leMfundu

Isiganeko esiphambili salo nyaka uphononongwayo yaba kukongezwa kwabasebenzi abatsha, phantsi kwenqubo "yoHlenga-hlengiso IwaBasebenzi beZiko" ("Redesign"), ukunceda ekuphuculeni ukwenziwa kweenkonzo. Inkubo yokuzaliswa kwezithuba zengqesho nokwenziwa kwemisebenzi emitsha, okanye eyahlukileyo, kwenza ukuba le nkubo inike umdla futhi ibe yecela umngeni omkhulu.

Ezinye izinto ezenzekileyo kupuhhliso lweenkubo ezibalulekileyo kukuba ngo-2008 ibingunyaka wokuqala ngqa wokubhalwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

Iziganeko zonyaka ophononongwayo zicacisiwe kolu xwebhu luhela.

### 1.3 Ingaciso enge-Ofisi yoMphathiswa weMfundu wePhondo

Ukubekwa esweni phambili kwezinto ajolise kuzo uMphathiswa weMfundu (MEC) kukuphuculwa koLwazi lokuFunda nokuBhala kanye noLwazi lokuBala; uHlenga-hlengiso kwaBasebenzi beSebe iWCED; ukuqaliswa ngempumelelo kwekharityhulam ye-FET nokwandisa kwecandelo leeKholeji ze-FET; uKhuseleko IweZikolo; ukuphuculwa kweZiseko zoPhuhliso nokupuhhlisa kweZakhono zoLuntu. Ezi zinto, kwakunye nokujolisa kwi-ECD, ABET nokuphuculwa kwezikolo, kushwankathela ezo zinto kugxininiswe kuzo ngakumbi nezibe luhawu lweli thuba liphononongwayo.

### 1.4 Ingaciso yomnqophiso (*Mission statement*)

Injongo yeSebe leMfundu leNtshona Koloni kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ulwazi, izakhono neemfundiso ezisisiseko (*values*) abazifunayo ukwenza oku:

- Ukupuhhlisa iitalente zabo
- Ukuphila ubomi obanelisayo
- Ukwenza igalelo kupuhhliso lwezentlalo nezoqoqosh
- Ukuthatha inxaxheba ngokupheleleyo kubomi nakwintlalo yeli lizwe
- Ukukhuphisana namazwe ngamazwe ehlabathi, kanye
- Nokwakha uluntu olukwaziyo ukulawula ubomi balo ngempumelelo nangesidima.

### 1.5 Isigunyaziso somthetho

UMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 108 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso  
(*Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996), as amended*)

UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, ka-1998 (UMthetho 1 ka-1998)

(*Constitution of the Western Cape, 1998 (Act 1 of 1998)*)

UMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (uMthetho 84 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso

(*South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996), as amended*)

UMthetho woMgaqo-nkubo weMfundu kaZwelonke, ka-1996 (UMthetho 27 ka-1996)

(*National Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996)*)

UMthetho weMfundu noQeqesho oluQhubelekayo, ka-1998 (otshitsiswe nguMthetho 16 ka-2006)

(*Further Education and Training Act, 1998 (repealed by Act 16 of 2006)*)

UMthetho wokuQinisekisa koMgangatho weMfundu noQeqesho ngokuBanzi, ka-2001 (UMthetho 58 ka-2001)

<p>(General Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001)</p> <p>UMthetho weNgqesho yooTitshala, ka-1998 (UMthetho 76 ka-1998)</p> <p>(Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)</p> <p>UMthetho weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, ka-1997 (UMthetho 12 ka-1997)</p> <p>(Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)</p> <p>UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999 (UMthetho 1 ka-1999), njengoko ufakelwe izilungiso</p> <p>(Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999), as amended)</p> <p>UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka (Annual Division of Revenue Act)</p> <p>UMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)</p> <p>(Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)</p> <p>UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, ka-1995 (UMthetho 58 ka-1995)</p> <p>(South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act 58 of 1995)</p>	<p>UMthetho weMfundu noQeqesho lwaBadala ka-2000 (UMthetho 52 ka-2000)</p> <p>(Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)</p> <p>INgcaciso yoMgaqo-nkqubo yeBhajethi yesiQingatha soNyaka-mali yowe-2008-2011</p> <p>(Medium Term Budget Policy Statement 2008-2011)</p> <p>ISicwangciso se-iKapa eliHlumayo</p> <p>ISicwangciso soPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi (Human Capital Development Strategy)</p> <p>II Ngcaciso zeKharityhulam kaZwelonke</p> <p>ISicwangciso soPhuhliso loQoqosho IwamaShishini amaNcinane (Micro-economic Development Strategy)</p> <p>IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo 5 oPhunyeziweyo woPhuhliso lweMfundu yaBaqalayo (White Paper 5 on Early Childhood Development)</p> <p>IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo 6 oPhunyeziweyo weMfundu eBandakanya Bonke aBafundi (White Paper 6 on Inclusive Education)</p>
---	---

## ICANDELO 2: INDLELA EKUQHUTYWE NGAYO

### 1. Iimali ezabiweyo

Uhlahlo-mali olunguNdoqo	UHLahlo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	Eyona Mali kanye eSetyenzisiweyo	Inkcitho engaphantsi kwaleyo ebilindelekile
R9,019,913,000	R9,206,088,000	R9,192,478,000	R13,610,000
UMphathiswa othweswe uxanduva	UMphathiswa wezeMfundu zePhondo		
ISabe eliBambe ezoLawulo	ISabe lezeMfundu		
IGosa elimele ukuphendula ngemicimbi yezemali	INTloko yeSebe, ISabe lezeMfundu laseNtshona-Koloni (iSebe iWCED) (INTsumpa-Jikelele yezeMfundu)		

### 2. Iinjongo zoLwabiwo-mali

Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bazuza ulwazi, izakhono neemfundiso eisisisiko abazifunayo ukuze babe nokupuhhlisa iitalente zabo, babe nokwenza igalelo kwintlalo yeli lizwe, babe kumgangatho wokukhuphisana namazwe ngamazwe ehlabathi nokwakha uluntu olukwaziyo ukulawula impilo yalo ngempumelelo nangesidima.

### 3. Isishwankathelo seeprogram

Icandelo leMfundu lamkele uhlahlo-lwabiwo mali oluhambelana neentloba zeenkqubo ezibonakalisa ezona nkqubo zimbalwa. Imisebenzi ye-WCED ihlewe ngezi zlprogram zisibhozo zilandelayo.

Iprogram	Iprogram esekeleyo
1. EzoLawulo	1.1. I-Ofisi yoMphathiswa weMfundu wePhondo 1.2. linkonzo zezoLawulo 1.3. ULawulo lwezemfundu 1.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 1.5. ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundu (i-EMIS)
2. IMfundu yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	2.1. Izikolo zikaRhulumente zaseprayimari 2.2. Izikolo zikaRhulumente zasesekondari 2.3. linkonzo zokufundisa 2.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 2.5. Iprogram yokutiyiswa kwabantwana ezikolweni
3. INkxaso-mali yeZikolo eziZimeleyo	3.1. Isigabasaseprayimari 3.2. Isigaba sasesekondari
4. IMfundu yeZikolo zikaRhulumente ezineeMfuno zeMfundu eziZodwa	4.1. Izikolo 4.2. linkonzo zokufundisa 4.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
5. UQeqesho neMfundu eQhubelekayo	5.1. Amaziko karhulumente 5.2. linkonzo zokufundisa 5.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 5.4. Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango
6. IMfundu noQeqesho IwaBadala olusiSiseko	6.1. INkxaso-mali yamamaziko abucala 6.2. linkonzo zokufundisa 6.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

Iprogram	Iprogram esekeleyo
<b>7. UPhuhliso IwaBantwana abasaQalayo</b>	7.1. IBakala R kwizikolo zikarhulumente 7.2. IBakala R kumaziko oluntu 7.3. linkonzo zokufundisa 7.4. Uphuhliso Iwzakhono zabasebenzi
<b>8. liNkonzo eziNcedisayo nezo xiNxulumene nazo</b>	8.1. lintlawulo ze-SETA 8.2. liprojekthi zegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango - ze-HIV/ AIDS 8.3. limviwo zangaphandle 8.4. Uqequesho lootitshala 8.5. iKapa eliHlumayo

#### 4. Isishwankathelo seemeko ezenziwa phantsi kwazo iinkonzo ngo- 2008/09

Baye besanda abantu baseNtshona-Koloni lukususela ngobalo Iwabantu (*census*) Iwango-2001 kwaye basaqhubeka nokukhula. NgokweSaveyi yoBalo-Jikele IwamaKhaya ka-2008, ekhutshwe liZiko leNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) ngomhla wama-31 Julayi 2008, iNtshona-Koloni ilkhaya kubantu abamalunga ne-5,262 yezigidi zabantu, nto leyo emele i-10,8% yabantu baseMzantsi Afrika bebonke. INtshona Koloni inabona bantwana baphila ithuba elide bakuba bezelwe, amakhwenkwe namantombazana. likhula nge-16,1%, nelilqondo lokukhula eliphezulu kakhulu xa kuthelekiswa namaphondo ewonke eloMzantsi Afrika. Le mfuduko yangaphakathi, xa idityaniswa neqondo lokuzalwa kwabantu eliphezulu, inempembelelo enkulu kakhulu ekwandenki kwentswelo-msebenzi kweli phondo, ngakumbi kubantu abatsha kweli phondo.

IZiko leNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) lithi olu qikelelo Iwephondo luhlanga-hlengiswe kakhulu. Idatha ethathwe kwiiSaveyi zoBalo-Jikele IwamaKhaya malunga nokuzala (*fertility*), ukufa nemfuduko ithetha ukuba ke ngoko amanye amaphondo akhula ngomndilili ongaphantsi kunoko bekusoloko kucingelwa. Imfuduko yabo beza eNtshona-Koloni nayo ibonisa ukuba bekusoloko kucingelwa ukuba ingaphantsi kunoko kunjalo. Le thebhile ilandelayo ibonisa ukwanda/ukuncipha kokukhula koluntu ukususela ngoBalo-bantu Iwango-2001 ukuya kuqikelelo loluntu luka-2008:

Iphondo	Ukwanda/ ukuncipha)
Mpuma-Koloni	142 537
Freyistatha	180 925
Rhawuti	1 609 922
KwaZulu-Natala	679 483
Limpopo	1 158
Mpumalanga	467 010
Mntla-Koloni	303 173
Mntla-Ntshona	244 349
Ntshona-Koloni	737 665

Ukutshintsha kwamanani abafundi akunakuqikelelwa. Oku kwenza kube nzima kakhulu ukucwangcisela ukubonelela ngeenkonzo, ingakumbi amagumbi okufundisela nootitshala.

Idatha yenqubo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eNtshona Koloni ukususela ngo-1995 – 2008 inikwe **kwiThebhile 1** ukubonisa ukukhula kwamanani abafundi apha kweli phondo. Oku kubonisa umngeni wokubonelela ngeenkonzo elijongene nawo iSebe iSebe iWCED. Lo gama amanye amaphondo ebonisa ukuhla kwamanani abafundi ababhalisayo, iSebe iSebe iWCED laye laqhube ka lafumana ukunyuka kwamanani de kwangu-2004. Ukwanda kakhulu okungaqhelekanga ngo-2003 – 2004 ngenani elingu-23 121 Iwabangelwa ikakhulu kukuyekelelwa komqathango wokuthathwa/wokwamkelwa kwabafundi beBakala 1 ezikolweni okwaqala ukusebenza ngo-2000 kunye nesizathu sokuhla kwamanani abafundi ukususela ngo-1999 – 2000).

ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka ka-2005 yabonisa ukungabikho kokwanda kwamanani ukususela ku-2004 kuye ku-2005, ngenxa yokwanda kakhulu okungahelekanga ngo-2004. Amanani ka-2006, afunyanwa okokuqala ngqa kwi-CEMIS (*Learner Tracking System*), abonisa ukuhla kakhulu kwamanani ukususela ngo-2005 – 2006. Ukwanda kwamanani ukususela ngo-2006 – 2007 kwabangelwa kukwanda okuqhelekileyo (*normal growth*) nalulawulo olubhetele Iwe-CEMIS. Ukuhla kwamanani ngo-2008 kubangelwe lulawulo ngenyameko kunye nezinye izikolo eziye zafumana ubunzima ekulawuleni inkqubo yokulandelelwu kwabafundi (*tracking system*).


#### IThebile 1: Amanani abafundi ababhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukusukela ku-1995-2008

Unyaka	Bakala 1	Bakala 2	Bakala 3	Bakala 4	Bakala 5	Bakala 6	Bakala 7	Bakala 8	Bakala 9	Bakala 10	Bakala 11	Bakala 12	Itotali
1995	99,158	84,963	80,921	79,199	76,789	72,293	68,795	67,473	61,079	50,698	41,124	34,659	817,151
1996	99,998	84,845	81,137	79,996	77,673	74,142	69,474	72,116	62,696	54,440	43,574	36,764	836,855
1997	97,854	84,892	80,608	81,191	76,894	74,368	70,967	73,261	64,892	57,070	44,586	38,940	845,523
1998	99,380	90,168	85,625	85,188	80,881	76,716	73,928	76,949	67,644	61,926	46,115	40,980	885,500
1999	87,436	92,925	88,613	88,014	83,074	78,495	74,661	79,043	69,674	63,479	49,247	40,206	894,867
2000	64,844	81,865	92,343	91,949	85,766	80,658	75,813	80,026	70,634	63,840	48,934	40,996	877,668
2001	81,790	62,960	81,832	94,302	89,254	83,305	77,778	82,190	71,966	67,034	50,206	39,910	882,527
2002	86,969	77,026	64,134	83,022	93,188	86,786	80,865	75,601	80,450	69,752	51,618	40,468	889,879
2003	86,916	82,454	75,931	66,033	82,383	92,341	84,514	81,154	73,200	81,739	51,746	39,644	898,055
2004	104,105	82,130	81,489	76,781	66,060	82,574	89,614	85,053	78,964	80,756	54,199	39,451	921,176
2005	93,515	94,231	80,695	80,809	74,984	66,141	81,953	88,778	82,169	81,577	56,657	39,303	920,812
2006	90,346	85,738	89,955	80,398	77,835	73,096	65,090	80,665	81,869	84,095	57,385	38,845	905,317
2007	92,794	82,548	83,900	89,960	78,658	78,007	72,726	66,403	80,698	86,494	61,938	41,301	915,427
2008	92,591	83,187	79,306	85,664	86,886	77,945	75,902	71,933	72,638	78,418	63,047	43,693	911,210

Umthombo wedatha:

1995 – 2008: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka (IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo)

#### Umzobo 1



Umthombo wedatha:

1995 – 2008: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka (IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo)

IZiko leeNkucacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA): Amanani abantu ngo-2008 asekelwe kuBalo Jikelele IwamaKhaya Iwango-2007

Kule minyaka mihihanu idlulileyo, iphondo leNtshona Koloni libe nokuphucuka kancinane kumgangatho wemfundo yabasebenzi balo. Asinto ingalindelwanga ukuba iqondo lempangelo kubantu abatsha, ngakumbi kwabo baphantsi kweminyaka engama-25 ubudala, libe ngaphantsi kwelabantu abangebatsha. Oku kungqinwa ngokucacileyo liqondo lengqesho elingaphantsi nje kwe-29,3% kubantu ababudala buphakathi kwe-15 ukuya kuma-24 eminyaka (uninzi lwabo olusafundayo kwinxalenye yale minyaka kuthethwa ngayo) kwakunye ne-69,7% kwabo babudala buphakathi kwama-25 ukuya kuma-34 eminyaka. Kwangokufanayo, kuxhaphakile ukuba abantu abadala babe sele beyekile ukusebenza besidla umhlala-phantsi kwaye neqondo lengqesho kwabo babudala buphakathi kwama-55 ukuya kuma-65 eminyaka liye liye kuma kwisinye esithathwini (32,8%).

Kukho ukungqinelana ngamandla phakathi kweqondo lokungakwazi ukufunda nokubhala kwakunye nezinga lentswelo-ngqesho. Amazinga aphakamileyo okungakwazi ukufunda nokubhala abhaqeka kakhulu kwiindawo ezisemaphandleni. Amazinga okungakwazi ukufunda nokubhala aphakame kakhulu kwimimandla enjengoMbindi Karoo (37%), i-Cape Winelands (28%), i-Eden (26%), i-Overberg (27%) ne-West Coast (29%). UMbindi Karoo unezona zalathisi zeemezo ezingaginyisi mathe ngokuphathelele kwintswelo-ngqesho, ukungakwazi ukufunda nokubhala namaqondo okubhalisela ukufunda asezantsi. NgokoBalo-bantu lwango-2001 iqondo lwentswelo-ngqesho yayielona liphezulu (nge-36%); iqondo lokungakwazi ukubhala nokufunda liphezulu nge-37% yabantu abangaphezu kweminyaka eli-14 ubudala, ekwakulelona liphezulu, ze iqondo lokubhalisela ukufunda (i-87%) nekwakulelona lisezantsi.

Amanqanaba emfundo nokuqesheka zinxulumene kakhulu (nakuba oku kungathethi ukuba imfundu idala amathuba engqesho). Ngaphezu kwe-70% yabaswele imisebenzi abadlulanga kwiBakala 11. Nakuba lo myinge ungaphantsana nje kowango-2005 kinalowo weminyaka emihlanu engaphambili, inani labantu abaswele umsebenzi abanemfundu ephela phakathi kweBakala le-9 nele-11 liye lenyuka ngokumangalisayo ekuhambeni kwexesha laya kutsho kwi-12,6% ngonyaka. Iqondo elikhulayo elifana neli likwabonakala kwiqela labantu abangaqeshwanga abaneziqinisekiso zeBakala 12.

## 5. Isishwankathelo seemeko elisebenza phantsi kwazo eli ziko ngo- 2008/09

ISebe iSebe iWCED, ekulelona lingumqeshi omkhulu kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, lineSebe lezeMfundu lePhondo elikhokelwa liLungu leSigqeba soLawulo eliphathiswe ezeMfundu (i-MEC), i-ofisi kndlunkulu yephondo, ii-ofisi zezithili zemfundu kunye namaziko emfundo, abandakanya izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zabafundi abaneemfuno zemfundu ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko oluntu emfundo yabadala namaziko ophuhliso lwabantwana abasaqalayo (ii-ECD).

Imisebenzi yeSebe iSebe iWCED – imihlaba elifikelela kuyo nobungakanani balo

Abafundi **	945,864
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo*	1,452
Izikolo zabafundi abaneemfuno zemfundu ezizodw	72
Amaziko emfundo eqhubelekayo noqeqesho (iikholeji zobugcisa)**	6 ( amaziko angama-39)
Amaziko oluntu emfundo yabadala *	112 (amaziko angama-301)
Izikol eziziipri-prayimari ezixhaswa ngemali	446
ii-ofisi zezithili zemfundu	8
Ootitshala	31 619
Abasebenzi benkonzo karhulumente (abasebenzi abavuniweyo)	8 971

\*\*2008: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka (AmaBakala asusela ngaphambi kweBakala-R kuye ngaphaya kweMatriki)

\* Amaziko emfundo alo nyaka (Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, ngaphambi kweBakala-R kuye ngaphaya kweMatriki).

Ngo-Oktobha 2008, inani llonke landiswa ngo-3 o.k.t. kwaba zizikolo zizonke ezyi-1455

# Umthombo – 2009 Master list ka7 Februawari 2009

## **INkubo yokuHlengahlengiswa kwaBasebenzi beZiko (*Organisational Re-design*)**

Iye yaqhube ka inkqubo yokuhlengahlengiswa kwabasebenzi beziko (*organisational re-design*). Izinto ekugxilwe kuzo yinkqubo yohlengahlengiswa kukuphuculwa kwezakhono zezik; ukwandisa ukwensiwa kweenkonzo; nokukhawulezisa inkqubo yobulgisa kwezengqesho (*employment equity*). Ngokwestraksha seziko elitsha, undlunkulu wephondo wahlulwa-hlulwe wangamasebe amakhulu amane (ayemathathu ngaphambili), angala, elezoBuchule noCwangciso (*Strategy and Planning*), eloLawulo IwezeKharityhulam (*Curriculum Management*), elezoPhuhliso noQuquzelelo IwaMaziko (*Institutional Development and Co-ordination*) neleeNkonzo zeZiko lezoLawulo (*Corporate Services*). Kwiinzame zokusondeza inkxaso kwezolawulo nophuhliso kufuphi nezikolo, kukho ukwanda kakhulu kwinani lezhkhundla zokunika inkonzo ezikolweni ezsuka ngqo kwii-ofisi zezithili zemfundo.

Kunyaka ophantsi kophononongo abaqeshwa abatsha abayi-283 baqalisa kwizikhundla zabo kumacandelo eziko (*microstructures*). linkqubo zokwensiwa koluhlu olufutshane (*short-listing*), ukukhetha, ukwihelana nomsebenzi (*orientation*) nokungenisa esikhundleni (*induction*) – nemingeni ehamba noko yokugcinwa kokuphunyeza kweenkonzo kumacandelo ayephulukana nabasebenzi ababengena kunyuselo-zikhundleni – kwabangela imingeni emikhulu. Kwaye kwensiwa iZiko lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi (*Recruitment and Selection Centre*) ukuncedisa ekuzalisweni ngokukhawuleza kwezikhundla.

Isigaba sokuqala sokuphunyeza kwale nkqubo sagxila ngakumbi ekusekwani kwamaziko ayi-16 okwensiwa kweenkonzo nakwiikomiti zeesekethe zezithili zemfundo eziyi-49 ezintsha – ukusondeza inkxaso ethagetha iimeko ezithile kufuphi namaziko emfundo. Ngokomndilili, izikhundla zeekomiti zeesekethe (zizikhundla eziyi-11 kwikomiti yesekethe nganye) sele zizalisiwe ukuya kutsho kwi-76%. Uninzi lweekomiti zeesekethe zimiselwe ngokufanelekileyo ukunika inkxaso ethagetha iimeko ezithile ngakumbi – ngokukodwa kwizikolo ezingaqhubi kakuhle.

Kulo nyaka uphantsi kophononongo ayi-14 kumaziko ayi-16 asekiwe. Umngeni omkhulu kukufumana indawo efanelekileyo yamaziko okwenza inkonzo eKnysna naseRiversdale. Ngokuphathelele koku iSebe iWCED isebezisana kakhulu nesebe eliqlihlakan lalo, iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Transport and Public Works*), ukuseka la maziko okwenza inkonzo kwisigaba esilandelayo. Ukufuduka kweWest Coast Education District ePaarl isiwe eMalmesbury kuxhomekeke kwakhona ekufumanen indawo efanelekileyo eMalmesbury. Lo mnjeni uya kusonjululwa kwithuba eliphakathi ukuya kwithuba elide.

## **6. Isishwankathelo sezinto ezibalulekileyo zomgaqo-nkqubo zonyaka-mali 2008/2009**

### **UMthetho woFakelo IweZilungiso kwiMithetho yeMfundu (*Education Laws Amendment Act*)**

Unyaka ka-2008 uzise umngeni omtsha xa bekuphunyeza uMthetho woFakelo IweZilungiso kwiMIthetho yeMfundu, ka-2007 (uMthetho 31 ka-2007) (*Education Laws Amendment Act, 2007 (Act 31 of 2007)*) owaqalisa ukusebenza kunye nokuphunyeza nge-31 Disemba 2007. Ukuqaliswa nesicwangciso sokulungiselela ukuphunyeza kugxile kwimiba emine ephambili yoMthetho woFakelo IweZilungiso kwiMithetho yeMfundu – eyile: ukusetshwa ngequbuliso kwabathile nokohluthwa kwezinto; ukuvavanyelwa iziyobisi; imisebenzi noxanduva lweenqununu; ukuqatshelwa kwezikolo ezingaqhubi kakuhle; imimiselo nemigangatho yeziseko zophuhliso; ukwazi ukufundisa kwezikolo; nezibonelelo zokuncedisa ukufunda nokufundisa.

### **UMthetho weeKholeji ze-FET (*FET Colleges Act*)**

NgokoMthetho weeKholeji ze-FET ka-2006 (*FET Colleges' Act of 2006*), "umqeshi" ezikholejini uba yikholeji endaweni ye-WCED: le yinkqubo esetyenziswa ngoku. Lo Mthetho uwagcinile amandla eGunya lezoLawulo kwiLungu leBhunga loLawulo kwiPhondo (*Member of the Executive Council in the Province*). La magunya, amanye awo anokwensiwa ngemvumelwano noMphathiswa weMfundu kaZwelonke, anako, ngokusebenzia ukudlulisewa kwamagunya yiMEC kwiNtloko yeSebe leMfundu, ukuba asetyenziswe ngulo wokugqibela – ukongeza kulawo abelwe ngqo i-HOD ngulo Mthetho. Nakuba ikholeji iba yiyo engumqeshi, i-MEC yiyo eqesha abasebenzi kumacandelo ahlukaneyo ize yenze isiggibo ngemibandela enjengenani labasebenzi bekholeji elivuniweyo elinokuqeshwa; ukuchithiwa kwee-asethi ezishenxisekayo nezingenakushenxiseka; ukudityaniswa kweekholeji zikarhulumente; nokwamkelwa kwemigaqo yekholeji.

## **ISicwangciso soPhuhliso IweZakhono zaBasebenzi (*Human Capital Development Strategy*)**

Imigaqo-nkqubo ebanzi, iiphrayorithi neenjongo zeSebe iSebe iWCED zachazwa kwiSicwangciso seMinyaka eMihlanu (*Five-Year Plan*) zaza safakwa kwiSicwangciso soPhuhliso IwaBasebenzi (*Human Capital Development Strategy*) (*HCDS*), esaphunyezwa ngoMatshi 2006. Kwelo nqanaba, i-HCDS iwuchaza umsebenzi wayo ngolu hlobo lulandelayo: “Njengokukhuthaza ikhонsepthi “yokuqatshelwa kwezinto ngokupheleleyo” (“holism”) olu xwebhu Iwesicwangciso luya kubandakanya uxwebhu loMbono weMfundu weSebe iSebe iWCED ukuya kutsho ku-2020 (*WCED's Education Vision 2020 document*) neSicwangciso seMinyaka emi-5 salo”. Kodwa ke, ngo-Oktobha 2008 ikhabbinethi yephondo yavuma ngokusesikweni isiphakamiso sokuba iSebe -WCED aliyi kuba lisebe elikhokela uphuhliso Iwe-HCDS egameni loRhulumente wePhondo. Lo gama lithatha inxaxheba enku kwisicwangciso sophuhliso Iwabasebenzi sePhondo esibanzi, iSebe iWCED liya kusingatha, njengomsebenzi oluxanduva Iwayo ngokukodwa, isicwangciso semfundo sePhondo. Ngenxa yeli nyathelo isicwangciso sokuqala seminyaka emi-5 seSebe i-WCED sabuyela kwimo yaso njengoxwebhu oluphambili.

## **INgcaciso yeKharityhulam kaZwelonke (NCS)**

Ukupunyezwa kwe-NCS kuye kufika kwiBakala 12 ngo-2008. Ukufundisa kwezfundo ezitsha, iinguqu ezintsha kwisilabasi yangaphambili neendlela zovavanyo ezintsha ezidityanisiwego ukwenza oku kwangumngeni omkhulu kwiSebe leMfundu.

### **7. liMali eziFunyenwe liSebe leMfundu**

liMali eziFunyenwego zifakwe kule Thebhile ST001.

Imali eyingeniso yeSebe leMfundu efikelela kwisixa-mali esiyi-R22,545 yezigidi yamkelwa ngo-2008/09. Eyona mithombo ibalulekileyo yengeniso eyaqokelelwayo yaba yile ilandelayo:

- lintlawulo zeZolawulo (iimali eziqokelelweyo zeprimiyam zee-inshorensi);
- lintlawulo zeEnkonzo zokuvvelisa amaxwebhu; kunye
- neentlawulo ezibuyisiwego zeminyaka eggithileyo nendlela yokusetyenzisa kwemali, o.k.t. ukucinywa kwemali eyilahleko.

### **8. lintlawulo zeSebe leMfundu**

lintlawulo zifakwe kule Thebhile ST001

Inkcitho kanye ka-2008/09 xa ithelekiswa neemali ezabiwego ibiyi-99,9% yebhajethi ehlengahlengisiwego evunye ngokusesikweni. Ukuchithwa nganeno komlinganiselo (underexpenditure) kwenzeka ubukhulu becali ngenxa yokuchithwa kancinane kwebhajethi yemali ngenxa yokulibaziseka kwezinye iimvumelwano apho ukwakha bekungakwazi ukuba kuqualiswe ngenxa yokuhlolwa kwendawo leyo bekuza kwakhiwa kuyo. Kwabakho ukulibaziseka kwakhona kwiintlawulo zeNational School Nutrition Conditional Grant and HIV/AIDS Conditional Grant ngenxa inkuba inkqubo ye-BAS yayingasebenzi.

Ukuza kuthi ga ngoku esona sabelo sikhulu kakhulu sendleko ekwangenwa kuzo senzeka kwinkqubo yezikolo eziziiprayimari neziziisekondari, kubandakanya nezikolo ze-ELSEN. Kwickqubo yezikolo, abaqeshwa babiwa ngokulinganayo (equitably) ngokunxulumene nemimiselo yobonelelo Iwezithuba ngokwamanani abafundi anikiwego, ngokwentlupheko yabahlali nangokwezfundo ezifundiswayo. Ulwabiwo-mali ngokwemimiselo nemigangatho (norms and standards funding) Iwensiwa ngokwamanqanaba entlupheko kazwelonke nalapho elona nqanaba lilelona lithwaxwa yintlupheko lafumana, ngokomndilili, ngokuphindwe kathandathu ngaphezu kokuba kunjalo kwezo zingathwaxwa kangako yintlupheko.

Inkcitho yezinto ezinganxulumananga nabaqeshwa ime ku-22,9% yetotali yenkcitho iyonke kunyaka-mali 2008/2009. Inkcitho yezinto ezinganxulumananga nabaqeshwa ibandakanya ulwabiwo-mali ngokwemimiselo nemigangatho; inkxaso-mali yezikolo zikarhulumente eziqheleleyo neziziisekondari; izikim zothutho Iwabafundi neziseko zophuhliso. Ikwabandakanya iintlawulo ezenziwa ngoomatshini eziya kwizikolo ezizimeleyo, kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno zemfundo ezizodwa, kwiikholeji ze-FET, kumaziko e-ABET nakwizikolo nakumaziko e-ECD.

IProgram 2: Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo iqhubeka iseveyona nto kugxilwe kuyo kwinkxasomali yesebe lemfundo. Le Program yaya kutsho kuma-80,6% etotali yeenkcitho ngo-2008/09. Ezona nkonzibalulekileyo ezifakiwego kule program yimfundo yezikolo eziziiprayimari neziziisecondari kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kubandakanywa nezeziseko zophuhliso), inkqubo yokuxhasa ezolawulo nophuhliso yee-ofisi zezithili zemfundo kumaziko emfundo, uphuhliso lwezakhono zabasebenzi abakumaziko nakwiNational School Nutrition Program Conditional Grant. Ama-55,1% enkcitho yeProgram aye kwizikolo eziziiprayimari aze ama-38,8% aya kwizikolo eziziisecondari.

Ezinye iiProgram ezaba nendleko enkulu xa kuthelekisa neminyaka eggithileyo yiProgram 5: Imfundo noqequesho oluqhubelekayo, apha imali inikwe ukuxhasa kwakhona iikholeji ze-FET (re-capitalisation of FET colleges). IPProgram 7: Uphuhliso lwemfundo yabasaqalayo (Early childhood development), apha kuye kwabonelelo ngezibonelelo ezongezelelweyo ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwiBakala R nokulungiselela i-EPWP ekuboneleleni ngoqequesho lweengcali ze-ECD kumaziko e-ECD kunye nokubonelela ngeekhithi zoncedo kula maziko, kunye neProgram 8: kwiinkonzo zoncedo nezinxulumene noko, apha kwanikezwa khona ngemali eyayilungiselelwngakumbi ukuqaliswa kwe-HCDS, ngokwesicwangciso sophuhliso lwabasebenzi bephondo, iKapa eliHlumayo.

## 9. ICANDELO, IPROGRAM NOKWENZIWE YIPROGRAM ESEKELEYO

### 9.0 ICandelo leMfundo yePhondo

linjongo ezilandelayo zinokulinganiswa (▲) nemilinganiselo yentsebenzo (►) okunxulumene necandelo lemfundoo lephondo:

linjongo ezinolinganiswa

Oku kulandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) nemilinganiselo yentsebenzo (►) okunxulumene necandelo lemfundoo:

	linjongo ezinokulinganiswa	Imilinganiselo yentsebenzo
Ukfikeleka	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba abantwana abakubudala beminyaka enyanzelekileyo ukuba yokuhamba isikolo bayaya ezikolweni</li> <li>▲ Ukwenza ukuba imfundo ifumanek ngokwamanqanaba ngamanqanaba kulutsha nakubantu abadala ababudala bungaphezulu kwiminyaka esisinyanzelo yokuya esikolweni</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► PM001: Ipesenteji yabantwana abakwiminyaka yobudala beminyaka enyanzelekileyo yokuhamba isikolo bayaya ezikolweni</li> <li>► PM002: Ipesenteji yolutsha olungaphezulu kwiminyaka yobudala beminyaka enyanzelekileyo ukuhamba isikolo iyaya ezikolweni nakwamanye amaziko emfundo</li> </ul>
Ulingano	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba bonke abathwaxwa yintlupheko bayayinika inkxaso karhulumente yezemfundoo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► PM003: Inkcitho karhulumente kwabona bafundi bathwaxwa yintlupheko kakhulu njengetsejeji yenkcitho karhulumente kwabona bafundi bangahlwempuzekanga</li> </ul>
Ukwnza umsebenzi kakuhle kakhulu	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukufikelela kwiqondo apho iziphumo zemfundoo zikhulayo ngokunxulumene nokufikeleka nomgangatho, kuxhomekeke kwiibhajethi zemfundoo ezifumanekayo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► PM004: Ulwazi lweminyaka olunikwa ngamnye lowo uphumelele i-FETC</li> </ul>
Isiphumo	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba isiphumo esiboniswa ngabapasileyo kule nkqubo yemfundoo singqinelana neemfuno zoqoqosho nezentlalo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► PM005: Elona nani liphezulu labapasayo kwimfundoo yabadala kuluntu</li> </ul>
Umgangatho	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukwakha uluntu olukwaziyo ukufunda nokubhala</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► PM006: Ireyithi yowlazi lokufunda nokubhala kabantu abadala</li> </ul>

### Inkqubela

**Ingxelo ngeep prayorithi eziqatshelweyo kwiSicwangciso seNtsebenzo sonyaka sika-2008/09**

#### 1) UkuPhucula uMgangatho wokuFunda

a) *Inkxaso eqhubeka okokoko yoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala kwizikolo eziziiprayimari*

Iziphumo kwiimvavanyo zokuqaphela iingxaki (*diagnostic tests*) kumaBakala 3 no-6 zibonisa ukuphucuka okukhulayo kumanqaku oLwazi lokuFunda nokuBhala nezibonisa ukuncomeka kongenelelo ngoncedo lwethu. Amanqaku oLwazi lokuBala kubonakala kunzima ukuba atshintshe kwaye inkqubela ecothayo ikhokelele ekuphindweni kabini kweenzame ukuzisa iziphumo ezibhetele.

Izikolo eziyi-250 zichongiwe ukuba zithathe inxaxheba kwinqanaba lokuqala loNgenelelo ngoNcedo kuLwazi lokuFunda nokuBhala kuneo noLwazi lokuBala (ngo-2008 – 2016). Izikolo eziyi-125 zifikwe kwiinkqubo zongenelelo ngoncedo zoLwazi lokuFunda nokuBhala zaze zayi-125 ezoLwazi lokuBala. Ukuphehlelwa ngokusesikweni kwePhulo leZiseko zokuFunda (*Foundations for Learning Campaign*) kwensiwa ngoNovembra ekwakuze kwesti siganeko abaphantse babe yi-2000 abavevela ezikolweni kwiphondo liphela.

b) *Ukunatyiswa ngakumbi kwe-QIDS-UP, kuthagethwe ezona zikolo zihlwempuzeke kakhulu kumanqanaba 1, 2 nelesi-3 okuhlwempuzeka kuzwelonke ngo-2008/09 ukuqinisekisa ukuba ezi zikolo zifumana izibonelelo ezingundoqo ezincinane eziphathetkayo, zokufunda nokufundisa, ezoluntu nezemali ukwenza ukuba ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kwenzeke.*

I-QIDS-UP yayandisa inkxaso yayo ngo-2008/09 yayisa kwizikolo eziziiprayimari nakweziziisecondari kwiNqanaba leNtlupheko 3 likaZwelonke (*National Quintile 3*).

Isicwangciso songenelelo ngoncedo Iwe-QIDS-UP ngo-2008/09 sazama ukusombulula iimpazamo nemingeni eqatshelwego ngokuthi kubalwe izibonelelo (eziziimpahla, izakhiwo nabasebenzi) kwizikolo eziyi-405 ezikumanqanaba entlupheko 1&2 kazwelonke (NQ 1 & 2) nakwi NQ 3 ezingabizi fizi. Esi sicwangciso sagxininisa ekuphuculeni ukufundisa okusemgangathweni kootitshala, ukudala umoya waseklasini ovumela ukufunda nokufundisa, nokuniqa amathuba alinganayo eNtshona Koloni ngokusebenzia iprogram yokulungisa ubugwenxa bexesha elidlulileyo (*redress*). I-QIDS-UP yiprogram yokulungisa ubugwenxa bexesha elidlulileyo eye ithi, ngokusebenzia inkqubo emiselwego, izame ukuniqa izibonelelo ezingundoqo ezinjengezixhobo zokusebenza, izinto ezisetyenziswa zikhawuleze ziphele, ukulungiswa kweziseko zophuhliso, izinto zokufunda zaselayibrari nezinto zokuncedisa ikharityhulam kwizikolo ezizezona zihlwempuzekileyo.

Lo gama injongo ye-QIDS-UP ikukwenza ukuba izikolo ezithwaxwa yintlupheko zilingane nezinye izikolo ezinezibonelelo ezaneleyo, eyona njongo kanye ekujongwe ukufikelewa kuyo ekuggibeleni kukuphuculwa komgangatho wokufunda nokufundisa.

Injongo eziphambili ke ngoko zezi zilandelayo:

1. Ukuxhasa nokudibanisa izicwangciso ezisetyenziswayo ngoku zoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala zeSebe i-WCED
2. Ukungaphinda-phindi, okanye ukungongezi,, amaphulo eSebe i-WCED, kodwa endaweni yoko kuphuculwe yaye kwensiwe bhetele izicwangciso ezisetyenziswayo ngoku zokufunda, zokufundisa neenkqubo zovavanyo
3. Ukujongisisa iimfuno zezikolo nendima edlalwa yile projekthi ngokusebenzia iinkqubo ezisetyenziswayo ngoku zokuphonononga nokuhlola ngaphakathi kwiSebe iWCED, o.k.t. iinkqubo ze-IQMS
4. Ukuvuma iziphumo zobuhlwemu ekuboneleleni ngemfundo esemgangathweni njengeyona mpembelelo iphambili ekwenzeni nasekuphunyezweni kwale projekthi
5. Ukuqinisekisa ukuba owona mlinganiselo usezantsi wezibonelelo zoncedo uyaqinisekiswa kuzo zonke izikolo ukwandisa ukupasa kwabafundi
6. Ukomeleza iNgcaciso yeKharityhulam kaZwelonke kumaCandelo e-GET nawe-FET
7. Ukuphucula ukufundisa eklasini ngokuqinisekisa imeko efanelekileyo neyenza kube mnandi eklasini
8. Ukuqinisekisa ukuba iiklasi zizele zizinto yimfanekiso ngokubonelela ngezincedisi zokufunda eziya kuxhasa ukufunda nokufundisa
9. Ukubekwa esweni nokuxhasa ngempumelelo ii-ofisi zezithili zemfundo nezikolo ekuhlanganisweni kwenkqubo yekharityhulam nezibonelelo zokufunda

c) *Ukusetyenziswa ngempumelelo kweNgcaciso yeKharityhulam kaZwelonke (National Curriculum Statement) (NCS) kwiBakala 12 ngo-2008*

Ngo-2008, iimviwo zokuqala zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (NSC) zabhalwa ngabafundi abayi-43 953 kuwo onke amaziko eemviwo ayi-408. Kwabakho, nakuba kunjalo, ukuhla nge-2% xa kuthelekiswa nereyithi yokupasa ye-80.6% efunyenwego ngo-2007 kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (kwiNgxelo 550).

Itotali yabaviwa abayi-14 522 (33.04%) bapasa i-NSC ebabeka ethubenilokwamkelwa kwiSidanga sokuQala, lo gama abayi-7 182 abaviwa bapasa i-NSC ebabeka ethubenilokufundela iSatifikethi esipPhakamileyo, baze abayi-12 851 abaviwa apasa i-NSC ukufumana ithuba lokufundela iDiploma. Ngokomgangatho wokupasa, abaviwa abayi-4 222 ngaphezulu bakulungela ukungena eyunivesithi ngo-2008 kunokuba kwakunjalo ngo-2007. Oku kuzisa ithemba kwikamva leli phondo.

Itotali yabaviwa abayi-19 957 babbala iMathematika ngo-2008, yaza itotali yabaviwa abayi-13 612 babbala iFizikhali Sayensi. Kwaba ngabaviwa abayi-13 003 (65%) abapasa iMathematika ngo-30%, baze abaviwa abayi-9 691 (71%) bapasa iFizikhali Sayensi ngo-30%. Itotali yabaviwa abayi-8 031 bapasa iMathematika ngo-50% okanye ngaphezulu, baze abaviwa abayi-4 351 bapasa iFizikhali Sayensi ngo-50% okanye ngaphezulu.

d) *Ukomeleza isiCwangciso sokuPasa kwaBafundi ngoMyinge oMiselweyo sikaZwelonke (National Learner Attainment Strategy) ukunciphisa inani lezikolo ezifumana nganeno kwe-60% kwiimviwo zesiqinisekiso seMatriki*

Ukuba ubani uphonononga iziphumo zango-2008 zezikolo zikarhulumente eziyi-54 ezaqhuba nganeno kunokuba bekulindelwe ngo-2007 ubani angabona ukuba:

- Izikolo eziyi-23 kweziyi-56 (54 ezikarhulumente) zaliphucula inqanaba lokupasa kwazo laya kutsho ngaphezulu ko-60%.
- Izikolo eziyi-30 kweziyi-56 (54 ezikarhulumente) zaziphucula iziphumo zazo ngokwamaqondo ahluka-hlukeneyo.
- Izikolo eziyi-24 zabonisa ukwehla kwizophumo zavo zokugqibela xa kuthelekiswa nezango-2007.

Amagosa eSebe i-WCED anika inkxaso ebanzi kwizikolo zikarhulumente eziyi-54. Uthotho lweenkubo zongenelelo ngoncedo, ezisekelwe kwiimfuno zesikolo, ngokunjalo namaphulo aququzelelwia liphondo, lwaba sisiseko sesi sicwangciso. Isicwangciso seSebe i-WCED ngo-2008 sagxila kwiinkalo ezingundoqo ezi-3, ekuzezi, ezoLawulo nezobuNkokeli, ukuFundisa nokuQhagamshelana kwaneNtsebenziswano.

e) *Ukughubeka nokuqegezelwa umsebenzi kweenqununu nootitshala (Advanced Certificate in Education) (ACE) neNational Professional Diploma in Education (NPDE)), aphoon iinqununu zibhalisele i-ACE yeminyaka emibini, bona ootitshala babhalisela iindidi ngeendidi zezifundo*

Ngo-2008, iSebe iWCED labhalisa iinqununu eziyi-289, amasekela-nqununu neentloko zamacandelo ezifundo kumaziko emfundo ephakamileyo amathathu kwiphondo lonke kwi-ACE for School Leadership. Kwikota yokuqala ngo-2009 kongezwa abhaliswayo abayi-100.

f) *Ukuqaliswa kwezinye izibonelelo zeekhompyutha eziyi-200 njengenxaleny yeKhanya Technology in Education Project*

Ukuza kuthi ga ngoku, zizikolo eziyi-1 007 zizonke, ezanikwa izibonelelo zethekhinoloi, iilebhu zeekhompyutha eziqhelekileyo, ezineekhompyutha eziyi-25 ukuya kwi-40 ilebhu inye (enxityelelaniswe nge-LAN enayo ne-Intanethi). Kwenziwa amalungiselelo eziseko zophuhliso kwezinye izikolo eziyi-150. Eziyi-39 022 ii-PC zisiwe kwezi zikolo zingasentla. Ootitshala abayi-21 500 bafumene uqequesho olusisiseko kwi-IT. Malunga ne-750 000 abafundi banako ukusebenzisa ithekhinoloi yonke imihla. Inkcitho ka-2008/2009 yayiyi-R93 yezigidi. U-2009/2010 ubhajethelwe izigidi eziyi-R98.

g) *Ukuqaliswa kwezifundo ezililinge zabaphathi bezolawulo lwemicimbi yesikolo ngo-2008*

Le program yavunywa ngokuseskweni yi-ETDP-SETA kwaye eli linge laqala ngo-Agasti 2008. Icwangciselwe ukuba isezenze kude kube nguNovemba 2009.

h) *Zonke izikolo ziya kuqlunqa izicwangciso zokuphuculwa kwesikolo (school improvement plans) (SIP)), eziya kusebenza njengengesiseko senkxaso enikwa ngabasebenzi benkxaso bee-ofisi zezithili zemfundo, novavanyo lwasikolo siphela (whole school evaluation) (WSE) lwezikolo ubuncinane eziyi-30 ngonyaka*

Zonke izikolo zazinezwangciso zokuphuculwa kwezikolo neethagethi zika-2008. Zonke izikolo eziphakamileyo zamisela iithagethi zokupasa kwabafundi kwiBakala 12. Ukukhokelela kwii-SIPs zika-2009, kwaqeleshwa ngokukodwa iikomiti zolawulo lwezikolo nabasebenzi bee-ofisi zezithili zemfundo ngendlela yokumisela iithagethi ezizizo. Kwizikolo eziyi-61 ezavavanywa ekupheleni kukaMatshi 2009, eziyi-31 kuzo yayizikolo ze-QIDS-UP.

i) *Ukupuhliswa kwezakhono zootitshala (kuyaqhube ka ngokukhawuleza ukupuhliswa kootitshala) – ngokusebenzaa iinkqubo zongenelelo ngoloncedo lwe-WSP nolwe-CTLI, kuqinisekiswa ukuba badlala eyona ndima ephambili kwaye banoxanduva lokuphendula ngabakwenzayo ngokwe-Integrated Quality Management (IQMS).*

Inkqubo yokuphononongwa kwentsebenzo yootitshala kwenzeke kuzo zonke izikolo ezikwiphondo.

j) *Isigaba sokuggibela sokuxhaswa kwakhona ngemali kwazo zoyi-6 iikholeji ze-FET, kugxilwe ekwandisweni kwasakhiwo seWest Coast College, ukuqinisekisa uphuhliso lwezakhono ezinxulumene ne-MEDS kanye neemfuno zesizwe, njengoko kuchaziwego kwiSicwangciso soPhuhliso IwaBasebenzi sikazwelone (national Human Resource Development Strategy).*

Abahlohl nabaphathi baqeleshwe kwimiba enxulumene neNational Certificate (Vocational) (NC(V) baza bona abasebenzi bezolawulo bafumana uqequesho kulawulo lwe-MIS. Bekuye kwakho nokuhlaizya kweesistim ngokutsha. liworkshop zobunjineli, amakhitsi, iiklasi neeworkstations zeekhompyutha zahlaziya ngokutsha. Kwaye kwakhiwa iiklasi ezintsha neeworkshop. liworkshop nee-ofisi zaxhotyisa ngokutsha. liprogram eziyi-14 ze-NC(V) ziphunyeziwe kwiphondo lonke kwathengwa neencwadi zezifundo (*textbooks*). IVredendal nesigaba sokuqala seVredenburg Campus eWest Coast College siggityiwe. Izigaba zokwakha ezingezinye zixhomekeke kubukho bemali. Izakhiwo ezibini ezitsha i-Centres of Excellence (o.k.t. Boatbuilding eFalse Bay neCreative Arts and ICT eKapa – zaqala njengenxalenyegalelo le-WCED kwi-Integrated Creative Arts Initiative yephondo) ziqhube kakuhle.

k) *Ukwandiswa kwamanqanaba okuthatha inxaxheba kwiMathematika, kwiFizikhali Sayensi neThekhinoloi ngokufundiswa qho kwizikolo ekugxilwe kuzo, nokwanda kwenani lezikolo zeDinaledi, nokuphucuka kwamanqanaba okupasa kwiMathematika neSayensi yeBakala 12.*

Ukubhaliswa kwabafundi ababekade bevinjwe amathuba ngaphambili kwiMathematika nakwiFizikhali Sayensi kwizikolo zeDinaledi kuphindwe kabini kwiminyaka emihlanu edlulileyo, ngakumbi inani labafundi ababhinqileyo nabangamadoda abenza ezi zifundo. Ukubhalisa okuye kusanda ngamanani yinto ekugxilwe kuyo neqhubeka okokoko. Inani lezikolo zeDinaledi landile ukuya ku-48, ukongeza kwezisi-8 zeMathematika, iSayensi neThekhinoloi (*Mathematics, Science and Technology*) (MST) ekugxilwe kuzo.

Ngo-2008 ithagethi yephondo ye-8000 yokupasa iMathematika kwinqanaba eliphakamileyo kwaggithiswa kuyo, oko kwafaka igalelo ekuphunyezweni kwethagethi kazwelone (ye-50 000 yokupasa kwiMviwo zika-2008 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone (National Senior Certificate Examination)

Izikolo zeDinaledi neze-SMT zenza i-1398 (17.4%) yethagethi yephondo ukulungiselela ukupasa iMathematika kwinqanaba eliphakamileyo elingu-50% nangaphezulu. Abafundi abayi-761 (17.5% bapase kwinqanaba eliphakamileyo kwiFizikhali Sayensi bapasa nge-50% nangaphezulu.

l) *Ukwanda kwabafundi be-ABET kusetyenziswa izifundo zekharityhulam ezilungiswe ngokukodwa zeNqanaba 1 no-2.*

Iqela leendlela zongenelelo ngoncedo zenziwa licandelwana lekharityhulam elisandula kusekwa (*curriculum subdirectorate*). Izicwangciso zezifundo zaqulunqwa kanye nabacebisi ngezekharityhulam kwaza kwenziwa noqequesho. Kulindeleke ukuba izicwangciso zezifundo zinatyiselwe kuwo onke amaziko emfundu yoluntu ngenjongo yokuba ziphunyezwe. Kwenziwe imisebenzi yovavanyo oluqhubekela ezikolweni (*site-based assessment*) (SBA) kuwo onke amaziko emfundu oluntu ngenjongo yokuba iphunyezwe. Onke amaziko emfundu yoluntu afundisiwe ngokusetyenziswa kwala maxwebhu. li-SBA zaguqulelwka kwiAfrikansi zaza zathunyelwa kuzo zonke ii-CLCs. Ukongeza koku ngasentla, iRevised Unit Standards yaguqulelwka kwiAfrikansi yaza zathunyelwa kuzo zonke ii-CLC.

## 2) Ukuphuculwa kweesistim nenkxaso

a) *Kunyaka ophantsi kophononongo kwaphunyezwa oku kuphuculwa kulandelayo kwiisistim:*

ISistim yokuRekhoda iKhefu laBasebenzi (*Human Capital Leave System*) enezi modyuli zilandelayo

- Ukufakwa kwikhompyutha kwabaqeshwe abaqeshwe phantsi kwemvumelwano (CAT)
- Irejista yokubakho emsebenzini
- Ukuboniswa kwePesali kubaphathi bamacandelo
- Ilinge (*piloting*) lokusetyenziswa kwe*Control Paysheet*
- Ilinge lokuqokelelwa kweziqinisekiso zemfundo (kwizikolo eziyi-200)

b) *Ukupuhliswa ngakumbi kwemigaqo-nkqubo nezicwangciso eziphambili zezemfundo kweki phondo, njengoko kubonisiweyo yi-odithi yomgaqo-nkqubo eya kuqhutywa liCandelo lokuQuquzelelwa kweMigaqo-nkqubo (Directorate of Policy Co-ordination) elisandul' ukusekwa*

ISigaba 1 soku-Odithwa *kweMigaqo-nkqubo (Policy Audit)* sagqitywa ekupheleni konyaka-mali ka-2008/09, ngokwemigaqo-sikhokelo ebhalwe kwisicwangciso somsebenzi. Kwenziwa iRejista yeMigaqo-nkqubo (*Policy Register*) apho yonke imigaqo-nkqubo enxulumene nemisebenzi yeSebe i-WCED iya kufakwa khona. Ukuza kuthi ga ngoku yimigaqo-nkqubo eyi-284 eseyifakwe kwiRejista yeMigaqo-nkqubo, eyi-42 yayo yimigaqo-nkqubo kazwelone. Isipumo esiphambili seSigaba 1 soku-Odithwa kweMigaqo-nkqubo sesokuba kubekho iikopi ezingamaphepa nezisekhompyutheni zayo yonke imigaqo-nkqubo njengangoku eboniswa kwiRejista yeMigaqo-nkqubo. Uku-Odithwa kweMigaqo-nkqubo kuya kuba nezi Zigaba zilandelayo:

1. Ukuqokelelwa kwe-inventri yoku-odithwa kwemigaqo-nkqubo, eyayicwangciselwe ukuba gqitywe ekupheleni konyaka-mali ka-2008/09
2. Ukuphononongwa nokuhlaziwa kwemithetho nemigaqo-nkqubo – ecwangciselwe unyaka-mali ka-2009/09
3. Ingxelo ekubhalwe kuyo iingcebiso zokuqaliswa, ukuphononongwa, ukulungelelaniswa nokucaciswa kwezizathu zemigaqo-nkqubo – ecwangciselwe unyaka-mali ka-2009/10
4. Ukulungiselela nokuququzelela inkqubo yokuqulunqa imigaqo-nkqubo kulandelwa ufakelo Iwezungiso ekuvunyelweneyo ngalo
5. Ukulungiselelwa kokuphunyezwa komgaqo-nkqubo, obandakanya ukuqeleshwa kwabo bonke abathathi-nxaxheba (*role-players*) abachaphazelekayo nabanebang (*stakeholders*) - kuyaqhube
6. Ukubeka esweni nokuphonononga - kuyaqhube

Uku-odithwa kwemigaqo-nkqubo kuya kuzisa ukwensiwa kwenkonzo ngempumelelo nangobuchule, ngokuqinisekisa ukuba imigaqo-nkqubo echaphazelekayo iyangqinelana omnye nomnye nomthetho kunye nemigaqo-nkqubo kazwelone kunye nokuba imigaqo-nkqubo iyahambelana ngaphakathi kwaye ingqinelana noMgaqo-siseko.

c) *Ukuqinisekisa ukuba isistim yokulandelela inkqubo yabafundi (learner tracking system) isebenza ngempumelelo, kwaye iqala ngokuqaliswa kwe-Further Education and Training Management Information System (FETMIS) kwiikholeji ze-FET*

Isistim yokulandelela inkqubo yabafundi yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo iyasebenza kwaye iza kugcinwa isezenza. Izigqibo zabaphathi ezinjongo ikukwabiwa kwemali ngokwemiMiselo neMiangatho (*Norms and Standards funding*), nokubonelelwa kwezithuba zengqesho, kusekelwe kwingcaciso ethathwe kwiisistim yokulandelela inkqubo yabafundi (*learner tracking system*) (*CEMIS*). I-CEMIS idityaniswe nenqubo yokulandelela abafundi kazwelone (*LURITS*). Idatha yabafundi ye-CEMIS ifakwa kwiziko ledatha leLURITS ngokusebeniza injini ekuthumela kweli ziko ledatha. Isistim yolawulo Iwezikolo kazwelone (*national school administration system*) SASAMS) isalungiselelwa ukuba ifumanek kwiziko lewebhu ukuze idityaniswe nesistim yokulandela inkqubo yabafundi. I-i-SAMS efumaneka kwiziko lewebhu kufuneka ilingwe ekuyeni ekupheleni kowe-2009. Izikolo eziyi-100 zisalinga ukuyisebeniza i-SASAMS. Ukuqaliswa kokusetyenziswa ngelo xesha yenzeka ngayo i-SAMS kucwangciselwe uJanuwari 2010. Isistim yangoku i-Business Intelligence (*BI*), iEdulInfoSearch, ethatha idatha yayo kwiqela lamaziko edatha yangaphakathi, yandisiwe ukwamkela iqela leengxelo ezinokusetyenziswa ukunceda ekuthathweni kwezigqibo ngabaphethayo.

I-FETMIS: ISebe iWCED lizama ukufumana iFET Business Management System libambisene ne-DoE. Isicwangciso sokusebenzisa i-FET College Business Management (BMS), ebandakanya isistim yokulanda inkqubo yabafundi yekholeji, iqalisiwe njengenxalenyelinge likazwelonke.

likholeji ze-FET zaseNtshona Koloni ngoku ziphanda indlela iziseko zazo zophuhliso lothungelwano Iwe-ICT ezingqinelanayo ngayo neemfuno ezingummiselo zesistim entsha. Kuqikelelwa ukuba kuya kusetyenziswa eyona poyinti yothungelwano ikufutshane kakhulu ye-SITA ukunxibeletana neziseko zonxibeletwano ezincedisayo zelinge likazwelonke (*national pilot back-end infrastructure*). Uthetha-thethwano nabathathi-nxaxheba seluqalisile kwaye yinto eyamkeleka ngokubanzi ukuba iNtshona Koloni iya kunxibeletanisa le projekthi kazwelonke ililinge ngamanqanaba ngamanqanaba.

d) *Ukuphucula yonke imiba yolawulo nokusetyenziswa kwemali ukuba kuye kufikelela kwiNqanaba 4 leziko eli-odithekayo*

ISebe iWCED linikwe ingxelo engenamakhwiniba (*unqualified report*) ye-odithi ngo-2008. Isebe lemfundo liqalise ngamanyathelo okuphucula imeko yolawulo lwemali ngokubanzi.

e) *Ukwandiswa nokuphuculwa qho kokhuseleko Iwezikolo, kugxilwe kwizibonelelo zokhuseleko Iwezakhiwo oluphuculiweyo kwizikolo ezsengozini, ukuqinisekisa ukhuseleko lwendawo ekufundelwa kuyo*

Okubalulekileyo ibe kukufakelwa ngempumelelo kweesistim ze-CCTV zokubeka esweni ezokhuseleko kwizikolo eziyi-60 ezikwiphondo. Inani elimbalwa lezi zikolo libekwe esweni kwandlunkulu. Ukongeza ngaphezulu kuya kuba kukuqalisa isistim yokubeka esweni elungiselelw zizonke zoyi-60. Ukuphuculwa okokoko kokhuseleko Iwezakhiwo ezikolweni kuyaqhube ka ngokovuela kweemfuno. Olu phuculo lubandakanya iisistim ze-alam, ukufakelwa kweentsimbi zokuthintela ukuhekeza nokubiyela.

f) *Ukuqhube ka nokwakhiwa konxibeletwano Iwezentlalo kwezeMfundu ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, i-Retired Teachers Association, ixhase ukusekwa kwePast Pupils' Associations, ilinge lokuncedisana ekufundiseni koogxa (peer education initiative), nokubonelela ngamaqonga amabhunga olawulo ezikolo (school governing bodies) (SGBs). Ukuqeleshwa nokuxhaswa kwee-SGB nee-RCL kuya kuqhutyekwa nako ukulungiselela uthatho-nxaxheba olupheleleyo nobunkokeli ekuphenduleni kwimingeni yezophuhliso eyahluka-hlukeneyo ejongene noluntu lwasekuhlaleni oluyinxalenyelinge yezikolo.*

INkomfa ye-RCL yephondo yayibanjwe ngoJulayi 2008. Amalinge onxibeletwano Iwezentlalo aqaliswa kwimimandla eyi-27 eyiprayorithi yeSicwangciso seNGuqu sezeNtlalo (*Social Transformation Plan*). Kukho malunga ne-6500 yabangamahlakani ekufundiseni (*peer educators*) kwi-145 yezikolo eziphakamileyo, abafaka igalelo kuphuhliso lonxibeletwano Iwezentlalo (*social capital network*), abajongene nemiba enjengokuziphatha ngokwezesondo nokusetyenziswa gwenxa kwezinto ezikwenza ube likhendl (substance abuse) phakathi kolutsha, nasekubancedeni ekwenzeni iziggibo ezizizo zokuphila.

KPA 2: Ikharityhulam	Ngokungqinelana nomgaqqo-nkqubo kazwelonke nemimiselo yeNkcazo yeKharityulam kaZwelonke ( <i>National Curriculum Statement</i> ), ukufundisa kwe-HIV/AIDS nokufundisa ngemiba emalunga nezesondo ( <i>sexuality education</i> ) kusisinyanzelo kuwo onke amabakala, ukususela kwiBakala R ukuya kwiBakala 12. Ihlala injalo ithagethi yephondo yokuqinisekisa ukuba ama-80% ootitshala bazo zonke izikolo zeprayimari nama-80% ootitshala bezikolo zeseckondari beZifundo zoLwazi ngezoBomi, bayaqeqeshwa ukuze bafundise kanye ngqo ngezakhono zobom zeHIV/AIDS ngendlela efanelekileyo (njengoko kwamiselwayo ngo-2002). Njengokuba kuye kwafikelelwa kwithagethi yesikolo seprayimari yaza yahlala injalo, uqequesho lootitshala beziFundo zoLwazi ngoBomi bamaBakala 8-9 (GET) namaBakala 10-12 (FET) luhlala lungumngeni obalulekileyo ekufuneka sijongene nawo ngqo -xa kujongwe abafundi abarinzi abaphuma esikolweni emva kweBakala 9 nokuba zinini kwezikolo ezinika lo msebenzi ootitshala abangengaboo abeLO. Isicwangciso sokubethelela i-HIV/AIDS kwikharityhulam ngokubanzi (zonke izifundo/ iinkalo zesifundo) iqalile kwakhona ukusebenza kakuhle. Oku kujoliswe ekuqubisaneni nokuqulethwe yi-HIV/AIDS neenkubo zokufundisa ukuze kuthintelwe ukufundisa ngokugqithisileyo kwe-AIDS ( <i>AIDS-fatigue</i> ), ukuggqithisela imisebenzi kubo bonke abanye ootitshala –ingakumbi kwiminyaka yokufikisa ebalulekileyo – kwaye, nangemisebenzi yokuphucula isikolo ( <i>school enrichment activities</i> ), ukwandisa amathuba okufunda ngaphaya kwegumbi lokufundela. Xa kuthelekiswa nethagethi yonyaka engu-1 000 nethagethi ehlanganisisweyo engu-22 000, bayi-1 995 ootitshala, abaqeqeshwayo kulo nyaka, nabayi-24133 ukususela kunya ka-2000.
KPA 3: Ubunkokheli, uLawulo neMpatho	Uqequesho kule program, kuzo zombini iikomiti zolawulo, iKomiti yoLawulo lweSikolo (SMT) neBhunga loLawulo leSikolo ( <i>School governing bodies</i> ) (SGBs), luye lwaqhagamshelanisa noVavanyo lweSikolo Siphela ( <i>Whole School Evaluation</i> ), uphuhliso lwasikolo siphela ( <i>whole school development</i> ) nophuhliso olugunyazisiweyo zizikolo zeziwangciso zophuculo lwezikolo ( <i>school improvement plans (SIPs)</i> ). lifayili zoqequesho/iifayili zezibonelelo sele zilungiselelw ukuhanjiswa kuzo zonke izikolo kwaye uqequesho luya kuqhutya ngeekomiti zeesekethe. Ngokungqinelana noMthetho woMgaqqo-nkqubo wezeMfundo kaZwelonke: uMgaqqo-nkqubo weHIV/AIDS wooTitshala naBafundi (1996), kusisinyanzelo ukuba isikolo ngasinye siqulunge isicwangciso soPhunyezo seHIV/AIDS ( <i>HIV/AIDS Implementation Plan</i> ). Sicebise ukuba oku kwensiwe kube yinxaleny yeSIP kwisikolo ngasinye. Ngenkubo yokunxulumanisa izibonelelo ( <i>resource mapping</i> ), izikolo zikhuthazwa ukuba zichonge anmahlakani asekuhlaleni, ukuze apho kufanelekileyo kunye/okanye kuyimfuneko, konyulwe abantu abajongene nezibonelelo kwiiSGBs zabo.
KPA 4: Unonophelo neNkxaso	Kuyaqhutyekwa nokuqaliswa koqequesho kwimodel ye-Soul City's 'Schools as Nodes of Care & Support' (SNOC) lweSGBs namahlakani asekuhlaleni ( <i>school-community partners</i> ) kwiikomiti zeesekethe – ngokuthi kugxininiswe kwiinkalo zeSTP-27. Iprogram ehambelana noku yootitshala iya kuqualiswa nayo kwiikomiti zeesekethe, ezinika inxaso ziisayikholojisti nonontlalontle abayi-90 abaqeqeshelwe iinjongo ezithile lisebe. Ikhosi emfutshane yokuNika iiNgcebiso nekhredithwe yi-NQF ( <i>NQF-accredited Counselling short-course</i> ) iye yafakwa kwigazethi yakutshanje, kuye kwalungiswa namaxwebhu oqequesho ( <i>training materials</i> ) kwaye nayo aya kwensiwa afumeke kuqequesho lootitshala kwiikomiti zeesekethe ukususela ku-2009. Njengesihlomelo sephulo leSNOC, kwakunye neprogram yentsebenziswano phakathi kwamasebe ( <i>interdepartmental Social Transformation Programme (STP)</i> ), kuchongwe indawo zabahlali zayi-27 ezizezona zihlwempuzekileyo kwiphondo ukuze kukhawuleziswe ukwensiwa kweenkonzo zentlalo – kubandakanya nenkubo ekhawulezileyo yeegranti zentlalo ( <i>social grants</i> ), ezifana negrantu yeNkxaso yaBantwana neGranti yokuGcina

IINKALO ZENTSEBENZO EZIPHAMBILI	INKQUBELA
KPA 4: Unionophelo neNkxaso	aBantwana ( <i>Child Support and Foster Care Grants</i> ) yabantwana abaziinkedama nabanye abantwana abasengozini – ukuze kuncitshiswe ubuhlwempu obungumqobo ekufundeni. Ezi nkalo zibenenzuzo kwezi jambori zokwenzwa kweenkonzo ngo-2008/09.
KPA 5: Ukufundisana koontanga	Kunyaka ngamnye bangaphezu kwe-7 500 ootitshala abangoontanga neenkokeli zolutsha eziyi-5 000 ezithatha inxaxheba ekuphenyezweni kwezicwangciso ze-Peer Education no-Lovelife, kwizikolo zesepondari eziyi-213 kungokunje. Kweli nani bayi-94 abaxhaswa ngezimali yi-Department of Health-administered Global Fund, babe yi-25 abe Conditional Grant, ukuze abashiyekileyo baxhaswe ngezimali ngokuzimeleyo. Ababoneleli-nkonzo bemvumelwano abangenzi nzozo (NPO) ‘abangaquuzeleli’ nabaqalisa ngqa izinto ezintsha ( <i>‘groundBreakers’ work</i> ) basebenza nootitshala abangoontanga neenkokeli ezilulutsha ezikolweni qho ngeveki – benika inkxaso uqequesho lwabo nophuhliso nokuphunyezwawa kweeprogram ezisekelwe esikolweni. La maphulo mabini aphethwe liSebe lezeMpilo. Ngokudibeneyo, umsebenzi wabo oxabisekileyo umele malunga nabasebenzi abayi-350 kwiNPO. Izikolo zeprayimari ezizezinye ngokubambisana no Soul City, zixhasa amagela e SoulBuddyz clubs, ezinabafundi abayi-20-30 kwiiprayimari eziphakamileyo. Iprogram elingwayo yokufundisana koontanga yekholeji yeFET (2007-08) yandisiwe ukuya kuzo zonke iikholeji eziyi-6 kwiikhampasi eziyi-12. Injongo yayo kukuba kuphuculwe onke amaphulo afana nala Kusekwe umbutho i-Western Cape Youth Peer Education Association wokuseka ababoneleli-nkonzo (ukuze uthathe iintambo zolawulo kwi-GOLD Peer Education Development Agency (engumbutho ozimeleyo ngoku).
KPA 6: Izbonelelo zeLTSM	Kusiwe kuzo zonke izikolo izibonelelo zeLTSM ezinika inkxaso isifundo soLwazi ngezoBomi (njengezbonelelo ezongezelelwego ezinika inkxaso kwezinye izicwangciso zeHIV/AIDS) Ezi zibonelelo zeLTSM zinikezelwa zisongeza kwii-odolo zezifundo zezikolo. Zikwabonelelwaa ngakumbi ngaphandle kweendleko kweso sikolo okanye kuloo mfundu (kodwa iqulethe ama-25% kusixa esiyi-R14 ngomntwana esiqkelelwego kwisabelo seegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango). lincwadi zokwenza imisebenzi zabafundi ziya kunikezelwa qho kunyaka ngamnye, njengoko benkunjalo ukususela ku-2002-kumfundu ngamnye kwibakala ngalinye ukususela ku-R ukuya ku-12. I-LTSM ibonelelwaa kuzo zontathu iilwimi zephondo. ISabe leMfundu leNtshona Koloni, kuphela lephondo elikwenzayo oku.
KPA 7 Ukubeka esweni, iNkxaso noVavanyo	Ootitshala banikwa inkxaso ngokundwendwelwa kwezikolo ngabaquuzeleli namagosa azii-fieldworkers ezithili zemfundo eHIV/AIDS kwiikomiti zeskethe ezenza imisebenzi emininzi. Ukuze kukhuthazwe ukuzimela kwezikolo ngokwazo, isikolo ngasinye sinabaquuzeleli abakhethiweyo beHIV.AIDS. Izikolo ziyadityanisa kumaqela akwimimandla ngemimandla ( <i>geographical groups</i> ) ezikolo ezi-5 ukuya kweziyi-15 ngabaquuzeleli bezikolo ezisebenzisanayo abakhethwe ngoontanga. Izikolo ezisebenzisanayo ziyadibana ukuchaza imingeni emitsha, ukwenza izicwangciso ezifanelekileyo ngokwengingqi, kwanokwabelana ngezinto ezenziwayo ( <i>practices</i> ) ezizezona zisemgangathweni. lintlanganiso eziyi-141 zezikolo ezisebenzisanayo zabanjwa ngo-2008/09, kwaye kwandwendwelwa izikolo eziyi-1 041 ukunkira inkxaso. Utyalo-mali kwiinkqubo zenkxaso zoqinisisekiso lwemigangatho ezibandakanya imiba emininzi neziqhutywa kumacandelo ngamacandelo ziya kuhubeka zikhuthazwa zize zihlakiye. Mhlawumbi akukho program yeWCED ekhe yahlolwa ngokunzulu njengale!
KPA 8: Ukubeka esweni, iNkxaso noVavanyo	Injongo kukushenxisa le program isiwe kulo meko-bume inokulawulwa ngobuchule nangokudibeneyo nangentsebenziswano kuwo onke amacandelo esebe eWCED afanelekileyo ngokusebenzisana ngokusondeleyo neeprogram zentalo nezophuhliso lwezakhono zoluntu neeprojekthi ezirodwa. Ngapezu koko, injongo yokubandakanya iHIV nemisebenzi yokuphuhlisa nokuxhobisa uluntu kwezentlalo – neya kuthothisa ifuthe leHIV kwezeMfundu – iya kuba kukushenxisa ngokukhulu imisebenzi eluxanduva lwezithili zemfundo neekomiti zeskethe ukususela ku- 2009/10. Iprogram iya kugcina ukugxinisa kwayo kwimibono yethuba eliphakathi nelide – equlethwe kwizicwangciso zobuchule zephondo nezikazwelonke zango-2007 ukuya ku-2011, apho umsebenzi oluxanduva lwezeMfundu (ngokumalunga nokhuseloko) kufuneka ulinganiswe ngokutheleksisa namanqanaba okubakho kweHIV phakathi kolutsha olukubudala 15-19 no- 20-24 iminyaka. Ngenxa yoko, ISabe iWCED ingumthathi-nxaxheba okhokelayo kuphuhliso lwsicwangciso sephondo samasebe ngamasebe ( <i>inter-sectoral provincial</i>

IINKALO ZENTSEBENZO EZIPHAMBILI	INKQUBELA
KPA 8: Ukubeka esweni, iNkxaso noVavanyo	<p><i>strategy) (nge Provincial Interdepartmental AIDS Committee ne Provincial AIDS Council), nokuba ingumthathi-nxaxheba osebenzayo (active participant) kurhulumente wengingqi (ii-MSATs eziyi-33 okanye i'Local AIDS Councils') namacandelo eNGO/FBO/CBO (ingakumbi phantsi kweNACOSA esebeza ngamandla nenamalungu angaphezu kwe-500 NPOs eNtshona Koloni.</i></p> <p>Makuqatshela ukuba iyekiwi iMilinganiseloye nteNtsebenzo (<i>Performance Measures (PPMs)</i>) ebisetyenziswa kwiminyaka yangaphambili – neyagxininisa ubukhulu becalo ku-“manani ootishala abaqeqeshiwayo’ kodwa ababonakalisa uphunyezo lweeprogram ngokupheleleyo (<i>full extent of programme</i>), ukubonokala koqequeso okanye utshintsho olulindelekileyo kwimeko (<i>expected behaviour-change</i>) ekufikelelw kuso. Isaveyi yeHIV elinganiselwa ngeempawu zangaphandle kulutsha olufikisayo olukhulelw (externally measured antenatal HIV) (oluna-20-24 iminyaka ubudala) sisalathi esinentsingiselo engapezulu sempumelelo yeprogram – apho uxanduva lwezcwangciso zothintelo lweHIV kuzwelonek nakwiphondo kulutsha lusemandleni weSebe lezeMfundu. Kwithuba lemnyaka emine kwsithuba sika-2004-2007, kubonwe ukuncipha okungange-50% kumanqanaba okubakho kweHIV kulutsha olufikisayo eNtshona Koloni (8,7 to 4,3%; amanani ka-2008 awakafumaneki). Nakuba kunjalo, asinako ukuba sithi sanelelisekile (<i>complacent</i>)–kusoloko iluxanduva lweWCED ukuqaphela ukuba zeziphi na izicwangciso ezisebenza ngokubonakalayo ubukhulu becalo, ukuze ziphuculwe. Ngokucacileyo ukugxininisa kweWCED kwisicwangciso sethuba eliphakathi nelide (xa kuthelekiswa neethagethi zethuba eliphakathi ezinokufikeleleka), ukukhuthazwa kokokwenza imisebenzi ifane kumasebe onke (<i>mainstreaming of responsibilities across the department</i>), nokukhuthaza ubuhlakan bukarhulumente neenkampani zabucala (<i>collaborative 'public-private partnerships'</i>) - kubangele ukuba iprogram yandise utoyalo-mali olubalulekileyo lweegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango enamacala amaninzi (<i>several-fold the value-add</i>) (<i>CG investment</i>) – kwakunye nefuthe loko. Nakuba kunjalo, utoyalo-mali lwe-CG luhlala luyi-R14 nje kuphela ngomfundi ngonyaka kwiprogram ngokubanzi, kuquka abasebenzi (okanye i-R160 kwithuba lemnyaka elishumi elinambini yokuhamba isikolo)-ukuqinisekisa ukuba abantu abatsha bahlala bengenayo iHIV (<i>HIV-free</i>) ngethuba apho kuluntu oluninzi, umzekelo, omnye kwababini kubantu abatsha banokuthi bosuleleke yiHIV kubomi babo bokuphila – ngencticno eqikelelw (kwiimali ezikhoyo zikarhulumente (<i>net cost-to-state</i>) eziyi-R1 yezigidi. Olu utoyalo-mali olungabhekanga phi (<i>slight investment</i>) kuluntu olungabasebenzi abaxabisekileyo abanokubasengozini (<i>potentially valuable, at-risk, human capital resource</i>).</p>

Iprogram yeSondlo iNational School Nutrition Programme	
Ipryorithi	Inkqubela
Ukuqinisekisa ukufikelela okwaneleyo kwi-National School Nutrition Programme zizikolo ezithagethiwayo	<p>Ngenxa yeenkxaso-mali yethuba eliphakathi eyongezelw (efunyenwe kuNondyebo kaZwelonek (<i>National Treasury</i>) abafundi abayi-100 953 bangaba ngabazuzayo kule program. Bonke abafundi bezikolo zesecondari ezikwinqanaba lokuhlwempuzeka 1 (<i>quintile 1</i>) babandakanyiwe nabo ukususela ku-Januwari 2009.</p> <p>Ngenxa yoku, inani elipheleleyo labafundi abafumana isidlo semihla ngemihla lande ukusuka ku- 233 334 to 334 287. Izikolo zeprayimari nezesekondari eziyi-998 kungokunje ziyazuza kwi-NSNP.</p> <p>Kujoliswe kungokunje kubo bonke abafundi kumanqanaba okuhlwempuzeka 1-3 kazwelonek neesekondari ezikwinqanaba lokuhlwempuzeka 1.</p> <p>Ukususela kuJanuwari 2009, umgangatho wesidlo semihla yonke ngeentsuku ezintathu evekini wandisiwe ngokuphinda ikhontenti yemifuno eyomisiwayo kwi-soya mince (<i>dehydrated vegetable content in soya mince</i>). Kuye kwenziwa izibonelelo zoqeqesho ngokubhekiselele kuphuhliso lwezakhono zamavolontiya alungisa naphatha ukuya (<i>food handlers</i>) ngokubhekiselele kukhuseleko nococo ngokumalunga nokuya nerhasi (<i>food and gas safety</i>). Kuye kwaqhutywa oomasifundisane abayi-155 kumavolontiya aphaatha nalungisa ukuya (<i>food handlers</i>) ngokumalunga nokhuseleko lokuya nerhasi (<i>food and gas safety</i>) nababangela ukuba inani elipheleleyo loomasifundisane abaqhutywa libe-794.</p>

Iprogram yeSondlo iNational School Nutrition Programme	
Iprayorithi	Inkqubela
	<p>liphowusta zeNutrition Education zensiwa kwiiwlumi ezintathu zaseburhulumenteni zephondo zaza zahanjiswa kwizikolo eziyi-935 ezithagethiweyo.</p> <p>Izikolo eziyi-81 ezihluphekileyo ekujoliswe kuzo zibe nako ukuthenga amakhitshi angomahamba-nendlwana (<i>mobile kitchens</i>) okusebenzela njengeendawo zokwenzela ukutya, ukuze inani xa lilonke lezikolo ezifumene esi sibonelelo, okanye ezibenakho ukuthenga amakhitshi angoomahamba-nendlwana, okanye ezifumene amalizo amakhitshi angoomahamba-nendlwana kwizikolo ezihluphekileyo eziyi-195. I-NSNP ixhase ngezimali amakhitshi ayi-63 kwayi-81 angoomahamba- nendlwana ekwanikezelwa ngawo ngo-2008/9 kwaye ayi-12 kuwo nama-6 axhaswe ngezimali yi-Peninsula School Feeding Association noGame ngokulandelana.</p> <p>Kwaqhutywa uqequesho lwabasebenzi olubhekiselele kungcoliseko kweemveliso zokutya ziintsholongwane (<i>bacteriological contamination of food products</i>).</p> <p>Kwandwendwela ii-warehouses zababoneleli-nkonzo qho.</p> <p>li-warehouses ezikhoyo ngoku nababoneleli-nkonzo abatsha babekwa esweni qho kwiminyaka emibini ukuqinisekisa ukuba iimveliso zokutya ziyayithobela imigqalisela emiselweyo.</p> <p>Uqequesho IweNSNP lwabandakanya oku kulandelayo: ukundwendwelwa ibheyikhari eyasekelwa iinjongo zezemfundo ngokumalunga nezemfundo ngokubanzi ; ukuthathwa kweesampula zokutya (<i>food sampling</i>); exemplilo nococeko ngokumalunga nokutya nosiqu, ulawulo lwezinambuzane (<i>pest control</i>) neengozi zeentsholongwane (<i>bacteriological risks</i>) ezimalunga nokutya. Kufunyenwe inkxaso eyiyo kumagosa kwiSebe lezeMpilo ngokumalunga nokhuseleko lokutya nesondlo</p>
Ilprayorithi	Inkqubela
Ukukhuthaza, ukucebisa nokunika inkxaso ukusekwa kweegadi zokutya ( <i>food gardens</i> ) nezinye iimveliso neminye imisebenzi yokuvvelisa ukutya enokugcinakala ( <i>sustainable food production activities</i> ) kwizikolo ekujoliswe kuzo apho sekukho amaseko okulungela le meko nabasebenzi nokuzimisela koluntu	<p>Oomasifundisane abayi-24 bokupuhlisa izakhono baqhutywe kwizithili zemfundo ezaahlukeneyo ngokubanzi malunga nokusekwa nokulawulwa kweegadi zokutya (<i>food gardens</i>) ezikolweni, ulondolozo lomhlaba namanzi, ukuchunyiswa komhlaba, izityalo (<i>herbs</i>) nokusetyenziswa kwazo neziqhamo neemveliso zeenkukhu. Kwaqhutywa imiboniso efanelekileyo ngethuba laba masifundisane. Kubekho ootitshala abayi-390 nabazali nabafundi kwaba masifundisane.</p> <p>Kwaqhutywa ukhuphiswano lwegadi yokutya kwiSithili seMfundu <i>District Overberg</i>. Izikolo eazine kwezithatha inxaxheba zanikwa amabhaso ayimali kweli theko, nelaiqhubeka eHermanus.</p> <p>ligadi zokutya ezongezelelwego eziyi-24 zasekwa ukuze kwandiswe inani leegadi zokutya kwizikolo ekujoliswe kuzo ukuya ku-284.</p> <p>Iprojekthi engu-<i>Eduplant</i> eqhutywa ngu <i>Woolworths Trust</i>, isingethe oomasifundisane aba-5 nemigaqo yolimo (<i>permaculture</i>) kuzo zombini izithili zengingqi yedolophu nezengingqi yamaphandle.</p> <p>Umbutho iSEED (<i>School Environmental Education and Development</i>) ongumbutho ongekho ngaphantsi kukarhulumente (<i>NGO</i>) usebenze nezikolo ezsibhoho kwinqingji yase <i>Mitchells Plain</i> naseGugulethu, waqhuba oomasifundisane bokupuhlisa izakhono ongemigaqo yemfundo yokusingqongileyo nokumiselwa kweegadi zezityalo.</p> <p>Umbutho iSoil for Life, ongumbutho ongekho phantsi kukarhulumente, usebenze ngokungatshintshiyo nezikolo ezi-6 e <i>Touws River</i>, e<i>Mitchells Plain</i> naseGugulethu. Lo mbutho ugxile kulimo lwezityalo (<i>organic farming</i>).</p> <p>Iprojekthi isprout garden project yaqhutywa ngempumelelo zizikolo ezbibini eKhayelitsha nase<i>Mitchells Plain</i>.</p> <p>Kufunyenwe inkxaso elulutho kumagosa eSebe lezoLimo, aManzi nezaMahlathi (<i>Departments of Agriculture and Water and Forestry</i>).</p>

Ukubonelela kwakhona ngeziMali eziNkulu ( <i>Capital</i> ) kwiiKholeji zeFET	
IPRAYORITHI	INKQUBELA
1. Ukupuhlisa abasebenzi ukunika inkxaso ukwenziwa kweeprogram ezintsha nezala maxesha okhanyo engadlulanga u-2009	Kwaqeqeshwa abahlohl nabaphathi abayi-1080 kwaza kwaxhotyiswa nabasebenzi abakulawulo abayi-117 ngo-2008/09.
2. Ukuqulunqa iinkubo zokubonelela ngeeprogram ezintsha zeDoE ukususela ngo-2007 nokunika inkxaso kumanani obhaliso abafundi andileyo	linkqubo zolawulo eziyi-26 zahlaziwa kwaza kwafakwa iinethiwekhi eziyi-25 ( <i>25 local networks</i> ) ngo-2008/09.
3. Ukuphucula /ukutshintsha nokuhlaziya iiklasi, iilebu neewekhishophu zokusebenzela, neziya kusetyenziswa ukufundisa iiprogram ezintsha. Oku kunokubandakanya ukuguqula izakhiwo ezikhoyo	Amanani aquka konke ango-2008/09: <ul style="list-style-type: none"> <li>• 14 iiwekhishophu zobunjinel</li> <li>• 41 iiklasi</li> <li>• 2 ii-ofisi</li> <li>• 10 amagumbi ekhompyutha</li> <li>• 615 iikhompyutha zokusebenza (<i>computer workstations</i>)</li> <li>• 8 izibonelelo zococeka</li> <li>• 9 amaziko eekholeji</li> <li>• 3 amaziko okunika inkxaso abafundi</li> </ul>
4. Ukuthenga okanye ukwakha iiklasi ezintsha, iiwekhishophu , ii-ofisi, umhlaba njl.njl. apho kukho khona ubungqina obucacileyo.	Amanani aquka konke ango-2008/09: <ul style="list-style-type: none"> <li>• 36 iiklasi</li> <li>• 14 iiwekhishophu zokusebenzela</li> <li>• 12 ii-ofisi</li> <li>• 17 amagumbi ekhompyutha</li> <li>• 12 izakhiwo ezinezibonelelo zococeko</li> <li>• 3 amaziko ezbonelelo zabafundi</li> </ul>
5. Ukuhlaziya amaziko eekholeji	Amaziko eekholeji asi-9 ahlaziyiwe ewonke ngo-2008/09.
6. Ukuthenga izixhobo ukunika inkxaso ukufunda nokufundisa	Kufakwe izixhobo ezikumgangatho ophezulu kwezi zibonelelo zilandelayo : <ul style="list-style-type: none"> <li>- 113 iiwekhishophu zokusebenzela</li> <li>- 5 ii-ofisi</li> </ul>
7. Ukuqulunqa iiprogram zekharityhulam nezibonelelo	Zionke ngama-26 362 iincwadi zezfundo ( <i>textbooks</i> ) ezathengwayo ngo-2008/09

## 12. Amaphulo otyalo-mali (*capital investment*), ulawulo lwee-asethi (*asset management*) nolondolozo

Ayathakazelelwa amaphulo kaRhulumente okwenza iibhajethi ezinkulu zamaseko (*infrastructure*) zifumaneko (ukuze kubekho iiprojekthi ezininzi ke ngoko) namaphulo kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury's initiative* okuphucula ukwenziwa kweenkonzo zamaseko (*infrastructure delivery*) ngesicwangciso *Infrastructure Development Improvement Plan (IDIP)*. Le nkqubo ye-IDIP ibangela ukuba amaphondo asebenzise iinkubo ezifanelekileyo zokufumanisa izinto ezingekhoyo phakathi kwamaseko akhoyo namaseko ayimfuneko.

La maphulo angentla akwacela umngeni wolawulo oluphuculwego nokubeka esweni kwavo ngabasunguli beeprogram ezahlukileyo nokunika ingxelo efanelekileyo qho. Nangona kunjalo, ukuqinisekisa ukunika ingxelo nolawulo olufanelekileyo alwenziwa ngokufanelekileyo ngenxa yokungabikho kwabasebenzi bokulungiselela ezi njongo.

Kuya kuba xa kuzaliswe zonke izithuba zengqesho kwiCandelo loKunika iNkxaso eMsebenzini noCwangciso, kwaye kuyaziwa ukuba umba wokwenziwa kweenkonzo uya kuhlala ungosetshisa ebunzi.

Kungokunje, ababoneleli-nkonzo abasetyenziswe kwinkubo yokwenziwa kweenkonzo liSebe lezoThutho neMsebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*), njengabanelungelo layo yonke imihlabo yephondo, iiyuniti *Programme Management Units (PMU)* ezifana ne-*Independent Development Trust (IDT)*, *u-Africon neGarden Cities*; namabhunga olawulo ezikolo. Ubudlelwane obufana nobu bucaciswa kwi *Service Delivery Agreement (SDA)* okanye izicwangciso zeprojekthi eziphakathi kwe *WCED* nomboneleli-nkonzo ngamnye.

## 12.1 Utalo-mali lweeMali eziNkulu oluqingqiweyo (*Fixed capital investment*)

### 12.1.1 liprojekthi zokwakha ezigqitywe ngo-2008/2009

ISishwankathelo:

Imisebenzi yoKwakha	Inani leeprokthi ezigqityiweyo	Izikolo
liprojekthi zokwakha izikolo	Izikolo zeprayimari	<p>Ezi-5 kwezi- 7 (ithagethi eyintsusa yezikolo emazigqitywe -3)</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesibini: Dalubuhle PS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesithathu: Aberdare PS, Hindle Road PS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesine: Samora Machel PS, Bardale PS</p> <p>Ezisakhwayo: Table View PS (ukulibaziseka kweenkonzo), Vredenburg PS (ukuqala emva kwethuba kokwakhiwa)</p>
	Izikolo zeseondari	<p>Ezi-2 kwezi- 4 (ithagethi eyintsusa yezikolo emazigqitywe -2)</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesibini: Khayamandi SS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesithathu: Hindle Road SS</p> <p>Ezisakhwayo: Bloekombos SS, Wellington SS (imvumelwano entsha emva kokuba irhoxisiwe imvumelwano yangaphambili. Umhla wokugqitywa wesi sikolo ngu-2009/10)</p>
Amagumbi okufundisela njengenxaleny yezikolo esitsha ngasinye okanye njengeprojekthi eyahlukileyo	Izikolo zeprayimari	<p>Eziggityiweyo: 209 kweziyi-268 (ithagethi eyintsusa yeeklasi emazigqitywe ibingu- 165)</p> <p>Ezigqitywe kwikota yokuqala: Kuyasa PS (15), Hlengisa PS (4)</p> <p>I-Tanqua PS (2) yarhoxiswa sakavalwa isikolo kwikota yokuqala.</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesibini: Dalubuhle PS (18), Attie van Wyk PS (1), Bloekombos PS (4), Enkululekweni PS (8), Entshona PS (6), Klapmuts PS (6), Seekoeagat (NGK) PS (1), Kliprivier PS (1), Ongelegen PS (1), Kommandantsdrift PS (1), Franken PS (1), Brakfontein PS (1), Hartenbos LS (1), Hillcrest PS (3), Bongolethu PS (6), Saturnus PS (2), Avontuur PS (1), Kranshoek PS (2), Phakamisani PS (2), Hermanus LS (1), Kleinmond PS (3), Citrusdal PS (2), Kapel PS (2).</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesithathu: FJ Conradie PS (2), AH Barnard PS (4), Hindle Road PS (15), Aberdare PS (15)</p>

Imisebenzi yoKwakha	Inani leeprojekthi ezigqityiweyo	Izikolo	
Amagumbi okufundisela njengenxaleny yezikolo esitsha ngasinye okanye njengeprojekthi eyahlukileyo	Izikolo zeprayimari	Ezigqityiweyo: 209 kweziyi-268 (ithagethi eyintsusa yeklasi emazigqitywe ibingu-165)  Ezisakhiwayo: Gordons Bay PS (3), Chris Nissan PS (4), Bastion LS (2), Table View PS (30), Vredenburg PS (22)	
	Izikolo zesecondari	liklasi kwizikolo zesecondari- 57 kweziyi-127) (ithagethi eyintsusa yeklasi emazigqitywe ibingu-83)	Ezigqitywe kwikota yokuqala: Wellington SS (6)  Ezigqitywe kwikota yesibini: Imizamo Yethu SS (3), Thembalethu SS (1), Wittedrift SS (1), Villiersdorp SS (1)  Ezigqitywe kwikota yesithathu: Hindle Road SS (30)  Ezigqitywe kwikota yesine: Wellington SS (6), Groendal SS (1), Silversands SS (6), Umyeso Wama Apile CS (2)  Ezisakhiwayo: Bloekombos SS (33), Wellington SS (33), Hopefield HS (4)
	Izikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa	liklasi kwizikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa	Ezigqitywe kwikota yesibini: Beacon School (2)  Ezigqitywe kwikota yesithathu: Klein Karoo School (2)
	Ukusiwa kwenye indawo kweeklasi ezinokuhanjiswa	36 iiklasi ezinokuhlanjiswa zisiwe kwenye indawo (ithagethi eyintsusa yeklasi emazisiwe kwenye indawo beziyi-23)  Ziyi-15 iiklasi ezonakalisisweyo ( <i>dilapidated</i> ) nezingakhuselekanga nazo zasuswa kumasango ezikolo.	Ikota yokuqala: Ezine ezingoomahamba nendlwana (mobiles) (4) zasuswa e-Elsies River ukuya eKleinmond PS.  Ikota yesibini: 13 ezahanjiswayo ukusuka eSmutsville ukuya eBrakfontein (1), Franken PS (1), Kliprivier PS (1), Kranshoek PS (2), Ongelegen PS (1), Saturnus PS (2), Imizamo Yethu SS (3), Thembalethu SS (2).  Ikoya yesithathu Enkululekweni PS (6)

Imisebenzi yoKwakha	Inani leeprojekthi ezigqityiweyo	Izikolo
		<p>Ikota yesine            Ziyi-10 ezinokuhanjisa ezasiwa eSamora            Marchel PS t ukuya eSimanyene SS.            Ziyi-3 ezinokuhanjisa ezasuswa eSamora            Marchel PS ukuya et ukuya eWest Riding PS.</p> <p>Ukususwa kweeklasi ezonakeleyo            Zine (4) eBoundary PS            Zintlanu (5) e-Iketlo PS            Zintathu (3) ezivela eSimonstown HS            Zintathu (3) ezivela eGansbaai PS</p>
	liforam	<p>Izikolo zeprayimari – 1            kwesinye (1)</p> <p>Izikolo zeseondari –0            kwezingu-0</p>
lithoyilethi	Izikolo zeprayimari	<p>107 kweziyi-149            (ithagethi eyintsusa            yeethoyilethi            emazigqitywe ibingu-            95)</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesibini:            St Boniface PS (8 WCs)            Eziggitywe kwikota yesithathu:            Hindle Road PS (16 ), Aberdare PS (16 )            Eziggitywe kwikota yesine:            Samora Machel PS (27), Bardale Prim Skool            (28), Bitterfontein PS (8 ), Eden Training Centre            (4)            Ekusenziwa izicwangciso ngazo okanye            ezsakhiwayo:            Table View PS (27), Vredenburg (15)</p>

Imisebenzi yoKwakha	Inani leeprojekthi ezigqityiweyo	Izikolo
	Izikolo zeseondari (62 kweziyi-193 kwithagethi eyintsusa yeethoyilethi emazigqitywe engu- 62)	<p>Ezigqitywe kwikota yokuqala:            Khayamandi SS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesithathu:            Hindle Road SS (28)</p> <p>Bloekombos SS (34), Wellington SS (34),            Hopefield HS (29)</p>
Ukuphuculwa kweeprojekthi	Izikolo zeprayimari	<p>2 kweziyi-3            (ithagethi eyintsusa            yeebloko zolawulo            (<i>Administration            blocks</i>) ibingu-4)</p> <p>Ibloko zolawulo (<i>Administration blocks</i>)– Leiden            Avenue PS, Rainbow PS, Gansbaai PS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesine:            Leiden PS, Rainbow PS</p> <p>Ibloko yolawulo eGansbaai PS isakhiwa.            Iprojekthi Klapmust PS irhoxisiwe</p>
	<p>Izikolo zeseondari –            0 kwezi-2</p> <p>Izikolo ezineemfuno            zemfundo ezizodwa-            1 kwesinye</p>	<p>Masibambane SS, Waveren SS</p> <p>Ezigqitywe kwikota yesibini:            JD Crawford PS</p>

## 12.1.2 Iprojekthi zolondolozo ezenziwe ngo-2008/09

Inani leeprojekthi	Ibhajethi yango-2008/09 R'000	Indleko yokugqibela eqikelelweyo R'000
522	R52.363m	R49.110m

\*Inani leeprojekthi elicha ziweyo

### Inkqubela eyenziweyo ukujongana nokusilela kweenkonzo zolondolozo ngethuba ekubhekiswa kulo

|

Indleko eziqikelelweyo zokwakha izakhiwo zezikolo ezitsha endaweni yezo zidala eNtshona Koloni yi-R15 yeebhiliyoni. Ngokwe-Civil Service Code, yi-1,5% elixabiso lokulondoloza isakhiwo ekufuneka ifumanekile qho ngonyaka ukwenza iinkonzo zolondolozo. Isixa esiyi-R226 yezigidi, phambi kokuba kunyuke amaxabiso, kufuneka sibhajethelwe qho ngonyaka ukulondoloza izakhiwo zezemfundo eNtshona Koloni. Ibajethi yokulondoloza izakhiwo ngo- 2008/9 ibiyi-R52,363 yezigidi. Esi sixa simele kuphela ama-33% aloo mali ifunekayo ukulondoloza izakhiwo zezikolo zeWCED. Kule reyithi, ukusilela kwiinkonzo zolondolozo luye lusanda.

### Iprogram i*Expanded Public Works Programme (EPWP)*

Iprogram iBuildings Facilities Maintenance Programme (BFMP) yaphunyezwa kwizikolo eziyi-480. Imisebenzi echaphazelekayo kukucoca iiplothi (*plots*), ukusika kwengca, ukucocwa kanobomi kweethoyilethi, amalungiselelo oqequeso, izixhobo nezibonelelo zabasebenzi be-BFMP, ukucocwaa kweeklasi nokucocwa kweegatari zamanzi. Olu hlobo lolandelayo lwemisebenzi yolondolozo lwabandakanywa kwiprogram kwaye ke ngoko oku kuthathelwa ingqalelo :

Ulungiso lwemibhobho needreyini zamanzi

Ulungiso kune/okanye ukufakelwa kwezixhobo eziungiselelelwe amanzi emvula

Ulungiso lwemigangatho, isilingi namadonga

Ulungiso lwamacango neeloko ezitshintshwayo

Ulungiso lweefreyim zeefestile

Ukupeyinta nokuhombisa izakhiwo kwakhona

Ngenxa yoku kuye kwadahwa imisebenzi yabantu abayi-6 797, ukuze kubo babe yi-293 abalulutsha olungamadoda, 739 ulutsha olungabantu ababhinqileyo namadoda ayi-1 291 nabasetyhini abayi-4 474.

## 12.2 Ulawulo lwee-asethi (Asset Management)

### II-asethi ezingenakususwa (Immovable assets)

ISebi iWCED lisebenzisa i-Education Management Information System (EMIS) nesistim iSchools' Register of Needs Information System (SRNIS), nabaneleyo ekulawuleni ii-asethi ezingenakususwa.

### II-asethi ezibalulekileyo ezinokususwa (Movable assets)

### UNdlunkulu nee-ofisi zeZithili zeMfundu (kubandakanywa ii-ofisi eziqhagamshelene neZithili zeMfundu)

Ngokubhekiselele kwii-asethi ezinokususwa, iWCED iseke iyunithi yolawulo lwee-asethi. Le yunithi yenye yeentsika ze Supply Chain Unit.

Yonke ifanitshala nezixhobo ezifunekayo kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo zathengwa kwaNdlunkulu zaza zafakwa kwi-inventri yee-asethi ezinokususwa ngokweemfuneko ezimiselwe nguNondyebo kaZwelonke (National Treasury). Kwaqhutywa ukabalwa kwazo zonke ii-asethi ezinokususwa qho ngonyaka (Novemba) nokabalwa kwesitokhwe (Februari/Matshi).

Kwathathwa la manyathelo alandelayo ukuqinisekisa ukuthembeka kwedatha ukunika inkxaso irejista yee-asethi esebenzayo egcina imigangatho ye-akhawuntingi nokuqinisekisa ukungqinelaniswa okusebenzayo okuyimpumelelo nokuchanekileyo kwengcaciso:

- Ukubalwa kwestokhwe okuqhutywa lisebe, njengoko kumiselwe kwiMigaqo kaNondyebo
- Ukusayinwa kwee-inventri ngamagosa anoxanduva lokwenza oko nokungqinwa ngaBaphathi aBenza lo msebenzi
- Ukukhutshwa kweesetyhula ngokungqinelana neSahluko 10 kwiMigaqo kaNondyebo
- Ukcacisa iinkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente zee-asethi kwi-*Accounting Officer's System*
- Ukungqinelaniswa kwezinto ezithengwa qho ngenyanga kwiLOG/S nenkcitho kwiBAS
- Ukulondolozwa kwerejista yee-asethi equlethe yonke ingcaciso efunwa ngokweMigaqo kaNondyebo

lindlela ezaphunyezwayo ukuqinisekisa ukuba iyasebenza inkqubo yokufumana, ukukhusela, ukubeka esweni ukugcinwa kweerekhodi zee-asethi ezinokususwa zimi ngolu hlobo lulandelayo:

- Zonke ii-asethi ezinebhakhowudi, eziphawulwe "RSA" zirekhodwe kwii-inventri.
- Zonke ii-asethi ezichaziwego kwirejista yee-asethi ezinokususwa kuzo zonke ikhategori zee-asethi ezichazwe kuNondyebo kwaye zanikwa iinombolo ezifana zodwa (*unique*) (ibhakhowudi).
- Abaphathi abenza lo msebenzi bathwele uxanduva lokukhusela ii-asethi zabo.
- Zonke ii-asethi ezinokususwa zarekhodwa kwi-inventri ngezikko ngalinye leendleko nendawo elikuyo. li-inventri zangqinisiswa njengezichanekileyo ngabaphathi bamaziko ii-*cost centre managers* kwaye zigcinwe kwindawo ebonakalayo kwindawo nganye.

## Izikolo

ISebe iWCED lathenga ifanitshala nezixhobo ezinciphisa iindleko ii-*labour saving devices* emsebenzini ukwenzela izikolo kwaye ezi zinto azyiyo inxalenye yeRejista yee-Asethi zeWCED. NgokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, ka-1996 (UMthetho 84 ka-1996), ezi zinto zithathwa njengezinto ze-inventri yezikolo. Izikolo ke ngoko mazinike ingxelo ngezi zinto ze-inventri kwiingxelo zezemali zaqho ngonyaka. IRejista yee-Asethi yeWCED (*WCED Asset Register*) ibonisa ii-inventri zakwaNdlunkulu nezezithili zemfundo kwakunye neendawo eziqhutywa kuzo iinkonzo ngokulandeelanayo.

## Izicwangciso ngokumalunga nee-asethi ezinokususwa (*moveable assets*) ezifana neemoto

ISebe lezoThutho neMisebenzi lePhondo (limoto zikaRhulumente) (*Provincial Department of Transport and Works (Government Motor Transport, lisingethe ukubonelelw ngezithuthi, ukuyekiswa nokutshintshwa kweemoto ezimoshakeleyo kwiGaraji kaRhulumente (Government Garage (GG). Elo Sebe likwasingethe ukubeka esweni ukunikezelwa lwelaisensi, ukukhandwa nokugalelw kwepetroli kwizithuthi kwakunye nokugcina irejista yee-asethi kwiSistim iFleetman System., lize liqulunge umgaqo-nkqubo wephondo ngokumalunga nokusetyenziswa kwezithuthi zikarhulumente.*

I-WCED iqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo usetyenziswa ngokuthe ngqo. Ikwagcina nerejista yezithuthi eziqeteyenziswayo yiWCED ize beke esweni izithuthi ngokusebenzia ilogshiti (*log sheets*).

Ezi zithuthi zikhoyo (*fleet*) ziyahlangabezana neemfuneko zangoku zeWCED.

Amanyathelo okuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi yesebe inengcaciso yakutshanje.

Ukubalwa kwestokhwe kwenzelwa ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi yeWCED inengcaciso yakutshanje. Kwenziwe unqinisiso lokubakho kwee-asethi (*physical verification of assets*) licandelo loLawulo Iwee-Asethi (*Asset Management section*) ngoncedo lwabaqeshwa bethutyana.

**13. Izcwangciso zoQuquzelelo (*Co-ordination Plans*), intsebenziswano nokunikezela imisebenzi kubaboneeli-nkonzo babucala (*outsourcing*)**

**13.1 Unxibelelwano phakathi kwamasebe**

ISebe iWCED lisebe eliyintloko elinoxanduva lokuqulunqa, ukubeka esweni nokuphumeza isiCwangciso soPhuhliso IweZakhono zoLuntu (*Human Capital Development Strategy*) (HCDS). Nangona kunjalo, ubuninzi bomsebenzi bufuna ukuba onke amasebe karhulumente kwinqanaba lephondo nakwelengingqi anike inkaso enze negalelo ekuphunyezweni kwesi sicwangciso. Amasebe aphambili aquka iSebe lezeMpilo, iSebe loPhuhliso loLuntu (*Social Development*), iSebe loKhuseleko IwaBahlali (*Community Safety*) neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Transport and Public Works*). Ukongeza aphi, amahlakani asekuhlaleni (*social partners*), o.k.t. iinkampani zoshishino (*organised business*), imibutho yabasebenzi nemibutho yasekuhlaleni ngeBhunga loPhuhliso IwePhondo (*Provincial Development Council*), adlala indima ephambili ekuqulunqeni nasekuphumezeni iHCDS.

Kwabanjwa iintlanganiso zaqho neengxoxo kwiiforam ezifana neCEM, iKomiti yeeNtloko zezeMfundo (*Heads of Education Committee (HEDCOM)*) neekomitana ezahlukileyo zayo, neSebe leMfundo kuzwelonke namanye amasebe ezemfundo amaphondo malunga momgaqo-nkqubo wezemfundo.

Ziqhubeka qho iingxoxo namasebe anxulemene neWCED malunga nentsebenziswano phakathi kwamasebe, ngakumbi namaSebe ezeMpilo (*HIV/AIDS*) neenkonzo zezakhono zobomi, ezempilo nempilo-qete ezikolweni, ukuqatshelwa kwasekuqaleni kwezempiro ezikolweni), uKhuseleko IwaBahlali (*Community Safety*) (IProjekthi yeZikolo zoKhuseleko ne-Projekthi yamaGosa anika iNkxaso aBafundi), ukunciphisa ukungahambi sikolo nokwaphulwa komthetho lulutsha), uMphathiswa (kwi-Ofisi yeMeko yaBantu abaKhubazekileyo (*Status of Disabled Persons*) - *Isicwangciso sePhondo iProvincial Integrated Disability Strategy*), ISebe loPhuhliso IwezoQoqosho noKhenketho (Umbhiyozo weKapa eLitanda ukuFunda (*Learning Cape Festival*) namacandelo ophuhliso kwezoqoqosho) neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente. (Iprojekthi zemisebenzi yokwakhiwa nolondolozo (*capital projects and maintenance*)). Kubanjwa iintlanganiso zaqho ngekota kunye nekomiti ye/SLP eququzelelayo ukwenzela izakhiwo zezikolo kwiinggingqi zoluntu oluhlelelekileyo. Zikwaqhubeka qho neengxoxo kunye namasebe anxulumeneyo malunga nophuhliso oluhlangeneyo noluquka konke. Ngentsebenziswano namasebe engingqi nawephondo, isicwangciso se-*Integrated Provincial Strategic Plan seHIV and AIDS 2007-2011, siye saqulunqwa kwaye sele sivunyiwe liBhunga iProvincial AIDS Council*.

Icandelwana le-ABET leWCED lithatha inxaxheba kumaqumrhu entsebenziswano amaninzi kunye namanye amasebe ephondo. Ngentsebenziswano yala masebe, abaqeshwa bamasebe amaphondo banikwa amathuba okuba bafumane iGETC. Sele usebenza umgaqo-nkqubo iTransversal Policy yoKufundiswa kweeProgram ze-ABET (*Delivery of ABET*) kuBaqeshwa baMasebe amaPhondo kaRhulumente. Kusekwa amaphulo entsebenziswano kumanqanaba ephondo nakumanqanaba amaziko. Ezi zikhokelo zibandakanya phakathi kwezinye izinto, izigaba zokuphunyezwaa kwamaphulo entsebenziswano, imisebenzi neemfanelo zabo bachaphazelekayo, iindleko neenkubo ezikuqhubela phambili oku. Amasebe ali-10 amaphondo, kwakunye neSebe leMicimbi yezaManzi neeSebe leeNkonzo zoLuleko kuzwelonke (*Departments of Water Affairs and (Correctional Services)*), akwayinxalenye yala maphulo entsebenziswano. Ukumisa ngendlela amaphulo obuhlakani, kuye kwaqulunqwa uxwebhu oluyimvumelwano yale nkqubo yentsebenziswano (*memoranda of understanding (MOUs)*).

**13.2 Uqhagamshelwano norhulumente wengingqi**

I-WCED isebezisana neSixeko saseKapa ngokumalunga neenkubo iUrban Renewal Programme (URP) noMasipala iCentral Karoo Municipality malunga neProgram i-Integrated Sustainable Rural Development Programme (ISRDP). Injongo yazo zombini ezi program kukusebenza kunye nangokuhlangeneyo namanye amasebe norhulumente ukuphelisa intlupheko ngokuthi kupuhliswe izakhono zabantu abangaqeshwanga.

**13.3 Amaziko karhulumente (*Public entities*)**

Akukho maziko karhulumente aluxanduva lweWCED njengangoku.

### **13.4 Intsebenziswano namaqumrhu abucala nokuqeshisela imisebenzi ababoneleli-nkonzo bangaphandle njl.njl.**

Nangona iWCED ingenayo intsebenziswano ngqo namaqumrhu kanye-kanye (*outright public-private partnerships (PPPs)*), isebe liqalise amaphulo ongenelelo ngoncedo neeprojekthi ngelinge lokujongana nemiba eyahlukileyo yomgangatho wezemfundo ezikolweni. Ezi projekthi namaphulo ongenelelo ngoncedo zisingethwe yiWCED (ngokusebeniza izithili zemfundo) ngokuthe ngqo okanye ngemibutho emininzi yezemfundo engekho phantsi kolawulo lukarhulumente (*non-governmental organisations (NGOs)*). La maphulo obuhlakani anqumlezanayo (*transversal*) ngokuhelekileyo (apha kwiWCED ngaphakathi) kunye(okanye nakumasebe anamacandelo amaninzi (*multi-sectoral*) ngokwenkangeleko, akho ukuze kusingathwe imiba echaphazela ukusebenza kwengqondo neyezoqoqosho (*psycho-social and economic issues*) kuba xa angena kungasingathwa ngendlela eseberza ngempumelelo, ingasingele phantsi ukufundiswa kwemfundo esemgangathweni ezikolweni, kwaye ngaphezu koku, amiselwe ukwandisa oovimba beengxowa-mali abafumanekayo ngalo gama kuqinisekiswa utyalo-mali IweWCED oluncitshisiwyo.

Ingxowa-mali iGlobal Fund ngokusebeniza iSebe lezeMpilo ixhasa iphulo elinamandla lokufundisana koontanga leHIV/AIDS kwizikolo zesepondari eziyi-94. Izikolo ezongezelelweyo eziyi-42 nazo zipumeza le nkqubo ngenye inkxaso-mali. Kukwakho neqela lamahlakani entsebenziswano akwinqanaba elisezantsi lentsebenziswano kunye neprogram yeHIV/AIDS yeWCED.

ISebe iWCED lisebenzisana neenkampani eziqilunqa iinkqubo zabucala eziyi eziyi-6 kwinkqubo yokuvvelisa iisistim ezinokusetyenzisa kwiSchool Administration and Management Systems (SAMS) Project.

ISebe iWCED likwaqhogene noPETROSA. Baggibe isikolo se-R12 lezigidi kwisikolo iRietvlei Primary School eMossel Bay baza bafaka ngokupheleleyo zone izikolo ezizi-Ex-DET eMossel Bay ngeelebhu zekhompyutha zeSayensi (*state-of-the-art computer and Science laboratories*)

Kuye kwasayinwa uxwebhu IweMvumelwano (*Memorandum of Understanding*) phakathi koPETROSA neSebe leMfundu leNtshona Koloni, olubonelela ngendlela yokusebenza ukuchitha isipho-mali (*donation*) eyi-R15 yezigidi ukwakha isikolo seprayimari esitsha eVredenburg. Kungokunje, ukucwangciswa kwasikolo esitsha kugqityiwe yaza iprojekthi yapapashwa.

U-Garden Cities Pty Ltd wenza izicwangciso aze alawule ukwakhiwa kweeholo zezikolo. Ukwakhiwa kweeholo kwezi zikolo: Matthew Goniwe SS (Khayelitsha), Intshukumo Comprehensive School (Guguletu), Knysna SS (Knysna), Rocklands SS (Mitchells Plain), Sarepta SS (Kuils River), Scottsville SS (Kraaifontein), Phoenix SS (Manenberg) neMountview SS (Hanover Park) zagqitywa ngo-2007/08. Kungokunje iholo laseMzamomtsha PS lisakhiwa.

La maziko alandelayo abethatha inxaxheba ekusebenzeni neWCED:

Ukhuphiswano IweChamber of Commerce: Ukhuphiswano iTechnopreneur competition IwamaBakala 10 SANTAM: Ukuuxhaswa ngezimali kweenqubo ze-EMS

Sanlam: Ukuqulunqwa kweepragram eziquka konke zeHIV/AIDS ezisekelwe kwikharthyulam Cape Town Holocaust Centre: Facing History and Ourselves (Grades 9 to 12)

### **13.5 linkxaso-mali eziziphopho-mali zeenkampani ezingabaxhasi (Donor Funding)**

ISebe leMfundu alifumananga mxhasi ngezimali kunyaka-mali ka-2008/2009.

ISebe limisele iWestern Cape Education Foundation ukwakha ubuhlakani nemibutho yamacandelo abucala, nokuqinisekisa inkxaso-mali eyongezelelweyo ukwenzela ukwenziwa kweenkonzo kwiphondo. Ngenxa yoku, iFoundation ifumene la manqanaba empumelelo alandelayo kwisithuba seminyaka emithathu edlulileyo:

U-PETROSA - neWCED

Eli liphulo lentsebenziswano lokwakha isikolo saseVredenburg ebekukudala sifuneka.

Ixabiso: R31 429 174 (R15 izigidi zesipho-mali (*Million donation*) esivela kwaPetroSA)

## *U-TRANSNET FOUNDATION*

Aba baboneleli-nkonzo balandelayo baxhaswa ngezimali yi-WCEF ngenkxaso-mali yakwa *Transnet Foundation*.

### *Iprojekthi 1: Primary Science Project*

Injongo yale projekthi kukufundisa iikhosi ukwenzela uphuhliso lootitshala nokuphucula iklasi kwiNatural Sciences, Literacy, Numeracy nakwiSocial Sciences.

Ixabiso: R100 000

### *Iprojekthi 2: Brite Ideas-523 iMini-Lab Project*

I-BI-523 iya kubonelela ngeelebhu ezincinane ezintathu ezinezixhobo ezininzi zeNatural Science (*Natural Science mini-labs*) kwizikolo ezine nezijongene nazo zonke iinkalo ezine zeNatural Science kwikharthyulam nokubonelela ngoqeqesho ekusetyenzisweni kweeNatural Science mini-labs kootitshala abathathu kwisikolo ngasinye kwizikolo ezine.

Ixabiso: R72 000

## **II-BYTES ZETHEKINOLOGI**

I-WCEF ibe lijelo lonxibelelwano kou buhlakani buqaliswe yiKhanya (*Khanya-initiated partnership*). Le projekthi yobuhlakani phakathi kweKhanya, iBytes Technology, iDell Foundation ne-Anglo American Chairman' Fund. Le projekthi inenjongo yokukhetha iqela labafundi abavela phakathi kwabahlali ababevinje amathuba kwithuba langaphambili abanamabanga emfundo e-NQF level 4 nabanezakhono zesiseko (*foundational skills*) kwisiNgesi nakwiMathematika nokubonelela ngoqeqesho kwiprogram yoqeqesho i-ICT Learnership programme. Iprojekthi ikwanenjongo yokuqequesha nokwenza ukuba abafundi baziswe ngeeyunithi zemigangatho eziphambili nezinokukhethwa kwinkqubo iLevel 5 System Support qualification:

- Ukuqonda ngemigqalisela ye-akkithetksha yenethiwекhi
- Ukudizayina, ukuphumeza nokugcina iinethiwекhi zenginqi
- Ukufakwa, ukukhonfigarishwa nokulawulwa kweeklayenti zenethiwекhi kwindawo zentengiso (*enterprise*)
- Ukufakwa, ukukhonfigarishwa nokulawulwa kweeseva zenethiwекhi kwindawo zentengiso (*enterprise*)
- Ukudizayina idayirekhtri esebezayeo yokuphunyezwu kwezentengiso (*enterprise*)
- Ukubeka esweni ukusebenza kwenethiwекhi
- Ukuphumeza ukhuseleko lwenethiwекhi
- Ulawulo olusebenzayo lwabasebenzisi benethiwекhi
- Ukuvavanywa kwenethiwекhi nekusonjululwa kweengxaki (*troubleshooting*)

Ixabiso: R1.5 yezigidi

## **U-SANLAM**

I-WCEF ibe lijelo lonxibelelwano Kule ntsebenzisawnoliswe yiWCED (WCED -initiated partnership).

I-HALSSS iya kuthi kwinkqubo-sikhokelo (framework) yenjongo ebanzi yeCandelo: IoPhuhliso IweKharityhulam yeWCED:

Igxininise kwiZakhono zoBomi zeHIV & Aids (HIV & Aids Life Skills) kunye neKharityhulam:

- I-Virtual reality eklasini;
- LTSM;
- Isakhono sokubhala, ezemidlalo nobugcisa
- neMathematics, Science and Technology (MST).

Ixabiso: R300 000

## *ISATIFIKETHI KWI-SCHOOL BUSINESS ADMINISTRATION PROJECT*

I-WCEF ibe lijelo lonxibelelwano kou buhlakani. Le khosi yejobuhlakani phakathi kweWCED, Manchester Metropolitan University (MMU – UK), National College for School Leadership (NSCL- UK), I-Institute of Administrative Management (IAM) ne-SABISA (Southern African Bursars of Independent Schools Association) ne-ABSA. Injongo kukuqinisekisa ukuba abasebenzi bolawulo esikolweni baxhobe ngokufanelekileyo ukubonelela imisebenzi yolawulo ethathwa njengeyimfuneko kulawulo olungenamagingxi-gingxi, olukhuselekileyo nolusebenzayo Iwesikolo.

- Ukulawula izibonelelo kumaziko emfundo
- Ukuqonda iimeko-bume zezopolitiko, ezentlalo nezethekhinoloi abasebenza phantsi kwazo
- Ukuphucula nokuhlaziya ulawulo kwimeko-bume yezemfundu
- Ukuvavanya, ukuphonononga nokuqalisa izicwangciso zolawulo ezinika inkxaso uphuhliso Iwekharityhulam nokufunda.

- Ukubonisa nokuqulunqa izakhono zolawulo nezokwenza izigqibo
- Ukuqonda ubunjani (*nature*) bemeko yokuhamba isikolo okusebenzayo kwiNkulungwane yamaShumi amaBini ananye.
- Ukuqequesha abaqeqeshi abaya kufundisa le khosi eNtshona Koloni (Abahlohlili beFET ne-UWC) ukupuhlisa abaqeqeshi bethu

Ixabiso: R181 273.45

#### **U-BP SOUTHERN AFRICA**

Le yiprojekthi yophando olubanzi nolulolobuchule ngokusekwa lweeklabhu *iiBP-Funded Science clubs kwizikolo zeDinaledi/MST kwiPhondo leNtshona Koloni*. Olu phando lumiselwe ukuphanda nokuvavanya ukubanokwenzeka kokusekwa, nenqubela-phambili nokugcinakala kweeklabhu zeSayensi kwezi zikolo. Inkxaso-mali ibandakanya izicwangciso zokusebenza (*business plan*) ukwenzela iiklabhu ezilingwayo zeScience kwizikolo eziyi-15 zeDinaledi.

Ixabiso: R500 000

#### ***U-VUKANI GAMING***

Le yiprojekthi *iYouth Leadership Development Project* –yokupuhlisa nokukhulisa ubunkokeli kulutsha ngokubhekiselele ekuphuculeni iqonga leBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners' platform*). linjongo zoku zezi:

- Ukuseka iqonga le *Youth Leadership Development*
- Ukuseka *iIT Platform* yeenkokeli zolutsha ukwenzela ukunxibelelana nabanye
- Ukukhawulezisa ukuqalisa amaphulo ajolise ubukhulu becalo ekuxhobiseni ulutsha nokwandisa izakhono ezibalulekileyo

Ixabiso: R1 yezigidi

#### **I-VODACOM-GARDEN CITIES**

Eli liphulo lentsebenziswano elenzelwe ukwakha iholo, elakhiwa ngokwemimiselo ye*Garden Cities' Archway Foundation eWestridge Secondary School*.

Ixabiso: R4 izigidi (R2 izigidi + R2 izigidi)

<b>ISishwankathelo: Imilinganiselo yentsebenzo</b>			
Iprogram/Iprogram esekelayo/Imilinganiselo yentsebenzo	Ithagethi eqike-lelwego eCwangcisiweyo ka-2008/09	Ithagethi eyiyo kanye efikelewego go-2008/09	Umahluko phakathi kwe-Ntsebenzo eQikelewego neYiyo kanye
<b>IZIPHUMO ZEKOTA (QUARTERLY OUTPUTS)</b>			
<b>IProgram 1: Ulawulo</b>			
Inani lezikolo eziphumeza iSchool Administration and Management System	1,455	1,452	-3
Inani lezikolo ekunokuhagamshelwana nazo ngekhompyutha lisebe	1,455	1,450	-5
<b>IProgram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo</b>			
Inani leentsuku zabafundi zibonelelwa yiprogram yesondlo	39,950,000	63,848,817	23,898,817
Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinamanzi	1,455	1,452	-3
Inani lezikolo ezinenani elaneleyo leethoyilethi ezisebenzayo	714	992	278
Inani labafundi abaxhamlayo kwirkqubo yezothutho lwabafundi	46,500	44,496	-2,004
<b>IProgram 3: linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo</b>			
Inani lezikolo ezixhaswa ngezimali ezizimeleyo ezihanjelweyo ukubeka iliso kwinkqubo yazo	45	93	48
<b>IZIPHUMO ZONYAKA (ANNUAL OUTPUTS)</b>			
<b>ICandelo looTitshala kwiphondo</b>			
Inani labantwana abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abahamba isikolo	618,767	625,835	7,068
Inani labantwana abakubudala obunyanzelekileyo obungaphezu kobudala bokuhamba isikolo abahamba isikolo namanye amaziko emfundu	213,693	208,293	-5,400
Inkcitho karhulumente kubafundi abangabona baqhuba kakubi njenepesenti yenkcitho karhulumente kwabo bafundi baqhuba ngcono noko	102.9%	103.8%	0.9%
Iminyaka yabafundi abafundiswayo ( <i>input</i> ) ngomfundu onesidanga weFETC	Akukho thagethi ibonelewego kwaye akukho datha irekhodiweyo		
Elona bakala liphezulu kwisikolo elipaswe ngabantu abadala kubemi belizwe	9.6	9.6	0
Ireyithi yowlazi lokufunda nokubhala kubantu abadala	95.7%	95.7%	0
<b>IProgram 1: Ulawulo</b>			
Inani labafazi abantsundu abakwizikhundla zolawulo zabakhulu	16	15	-1
Ipesenteji yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumene nabasebenzi ( <i>non-personnel items</i> )	22.96%	21.1%	-1.86%
<b>IProgram 2: Imfundu yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo</b>			
Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zemfundo eneemfuno eziziodwa	14200	12349	-1,851
Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinombane	1455	1452	-3
Inkcitho kulungiso njenepesenteji yexabiso lamaseko ophuhliso ezikolo	0.30%	0.50%	0.2%
Inani lezikolo azinabafundi abangaphezu ko-40 kwiklalsi nganye	0	0	0

Iprogram/Iprogram esekelayo/Izikali zomgangatho womsebenzi	Ithagethi eqikelelweyo eCwangcisiweyo ka-2008/09	Ithagethi efikelelweyo eyiyo ncam ngo-2008/09	Umahluko phakathi kweNtsebenzo eQikelelweyo neYiyo ncam
<b>IProgram 2: Imfundu yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo</b>			
Inani lezikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 apho zonke izikolo zineLTSM nezinye izibonelelo ezifunwayo eziswisa ngolo suku lokuqala lwasikolo	425	422	-3
Inani lezikolo ezilawulwa ngokwemeko yeSiqendu 21	1030	1032	2
Inani leentsuku zokusebenza ekuphulukene nazo ngenxa yokungabikho kukatitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.	320,000	322,924	2,924
Inani leentsuku zokufunda abafundi abaphulukene nazo ngenxa yokungabikho esikolweni kwabafundi	Akukho thagethi imiselweyo	Yidatha eyisampula kuphela erekhodiweyo	N/A
<b>ICandelo looTitshala kwiphondo</b>			
<b>2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente</b>			
Ireyithi yokuphinda kumaBakala 1-7	7.8%	9.0%	1.2%
Inani labafundi kumaBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala noLwazi lokuFunda nokuBhala	Ulwazi lokufunda nokubhala 39 596 Ulwazi lokuBala 25 765	Ulwazi lokufunda nokubhala 39 654 Ulwazi lokuBala 25 942	Ulwazi lokufunda nokubhala 58 Ulwazi lokuBala 177
Inani labafundi kumaBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika, kuLwazi lokuFunda nokuBhala nakwiiSayensi zeNdalo	Uvavanyo Iwensiwa qho kunyaka wesibini	Uvavanyo Iwensiwa qho kunyaka wesibini	Uvavanyo Iwensiwa qho kunyaka wesibini
Iprogram/Iprogram esekelayo/Izikali zomgangatho womsebenzi	Ithagethi eqikelelweyo eCwangcisiweyo ka-2008/09	Ithagethi efikelelweyo eyiyo ncam ngo-2008/09	Umahluko phakathi kweNtsebenzo eQikelelweyo neYiyo ncam
<b>2.2 Izikolo zikaRhulumente eziziiSekondari</b>			
Inani labafundi abangamtombazana abafunda iMathematika neSayensi kwiBakala 10 ukuya ku-12	23, 813	21, 722	-2,091
Ireyithi yokuphinda kumaBakala 8 ukuya ku-12	18.7%	20.18%	1.48%
Umlinganiselo wokuPasa (Pass ratio) kwiimviwo zeBakala 12	40.0%	39.2%	-0.8%
Umlinganiselo wokuPasa (Pass ratio) kwiimviwo zeMathematika neSayensi kwiBakala 12	19%	9.19%	-9.81%
Inani labafundi kumaBakala 9 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zokufunda	60,639	46,409	-14,230
<b>IProgram 4: Imfundu yeSikolo sikaRhulumente esineeMfuno eziZodwa</b>			
Inani labantwana abaneemfuno zemfundo ezizodwa abaneminyaka eyi-6 ukuya ku-15 abangabhalisanga kumaziko emfundu	6%*	6%*	0
<b>Iprogram 5: IMfundu noQeqesho oluQhubelekayo</b>			
PM501: Inani labafundi beekholeji zeFET ngokunxulumene nolutsha kwiphondo	16.2%	25%	8.8%
PM502: Ipesenteji yabafundi ababhinqileyo abakumacandelo obugcisa ( <i>technical fields</i> )	8,500	1,810	-6,690
PM503: Ireyithi yafundi abafunde bagqiba kwiikholeji zeFET	72.89%	53.10%	19.79%
PM504: Ipesenteji yabafundi abafakwe kuqeqeshelo-msebenzi ( <i>learnerships</i> ) kwiikholeji zeFET	1,090	4,200	3,110

Iprogram/Iprogram esekelayo/Izikali zomgangatho womsebenzi	Ithagethi eqikelelweyo eCwangcisiwe yo ka-2008/09	Ithagethi efikelelweyo eyiyo ncambango-2008/09	Umahluko phakathi kweNtsebenzo eQikelelweyo neYiyo ncambango
<b>Iprogram 6: IMFundo noQeqesho oluQhubelekayo</b>			
PM601: Inani labafundi be-ABET ngokunxulumene nabantu* abadala kwiphondo	0.05%	0.05%	0
<b>Iprogram 7: IMFundo noPhuhliso lwaBasaqalayo</b>			
PM701: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala R elixhaswa ngezimali ngurhulumente	63,632	70,245	6,613
*Qaphela ukuba le datha imele umlinganiselo kwaye isuselwe kwi <i>General Household Survey</i> . idatha entsha iya kukhutshwa ngoJulayi 2009 kuphela.			

## ISIHLOMELO A: IMILINGANISELO YENTSEBENZO -2008/2009

- **PM001: Ipesenteji yabantwana abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abahamba isikolo**  
Le yipesenteji yabantwana abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo kwiphondo abahamba nasiphi na isikolo okanye iziko lemfundo. Lo mlinganiselo wentsebenzo ubonisa ukuba azalisekiswa njani na amalungelo emfundu abantwana njengoko kuchaziweyo kuMgaqo-siseko kwakunye nokuba kungqinelwana kangakanani na nemimiselo yoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika ngokubhekiselele ekuhambeni isikolo okunyanzelekileyo.

Uvimba weDatha (*Source*)

Kwiminyaka engeyiyo eyobalo-bantu (*non-census years*), idatha yeStatsSA General Household Survey (GHS) efanele ukusetyenziswa kulo nyaka kubhekiswa kuwo isetyenziswa kuzo zombini inyumareyitha nedinomineyitha (*numerator and denominator*).

- **PM002: Inani lolutsha olukubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abahamba isikolo namanye amaziko emfundu**

Oku kuyafana ne-PM001, ngaphandle kokuba lo mlinganiselo wentsebenzo ubhekiselele kubantwana abadala. Le yipesenteji belizwe kwiphondo abaminyaka iyi-15 ukuya ku-17 abahamba nasiphi na isikolo okanye iziko lemfundo elilelinye. Ikwabonisa ukuba urhulumente nelizwe baphumelele kangakanani na ekuboneleleni ngezikolo nolunye udidi lwemfundu engaphaya kwenqanaba lemfundo esisiseko. Lo gama uMgaqo-siseko ungayicacisi le mfundo njengengundoqo kweli qela lobudala, ukwamnyanzela urhulumente ukuba enze imfundu eqhubelekayo ibe yefumaneka nefikelelekayo kulutsha lwethu.

Uvimba weDatha (*Source*)

Kwiminyaka engeyiyo eyobalo-bantu (*non-census years*), idatha yeStatsSA General Household Survey (GHS) efanele ukusetyenziswa kulo nyaka kubhekiswa kuwo isetyenziswa kuzo zombini inyumareyitha nedinomineyitha (*numerator and denominator*).

- **Nkcitho karhulumente kubafundi abangabona baqhuba kakubi njengepesenteji yenkcitho karhulumente kwabo bafundi baqhuba ngcono noko**

Le nkcitho karhulumente kubafundi abangabona baqhuba kakubi abasisinye kwihsilhanu (*one-fifth*) sabantwama nabafundi njengepesenteji yenkcitho karhulumente kwabo basisinye esihlanwini abaqhube ngcono noko (least poor one-fifth). Ngeminyaka yobandlululo, ipesenteji yayimalunga ne-20%. Yinjongo karhulumente ukwandisa le pesenteji ibe ngaphezu kwe-100% kuwo onke amaphondo. Kukho iqela lemiba eqhuba le pesenteji ukunyuka nokuhla: imigaqo-nkqubo karhulumente ekumgangatho ophantsi wokwabiwa kwezithuba zengqesho, iiprogram zikarhulumente zokwakho izikolo (ezinyusa iqondo lepesenteji); inani labantwana abahluphekileyo abangekho sikolweni (kwaye ngoko ke abafumanzi nkxaso kwezemfundo); kwakunye neengxaki zokutsalela ootishala kwiqingqi zasemaphandleni (le miba mibini yokugqibela iyalithoba iqondo lepesenteji).

Uvimba weDatha (*Source*)

Amanani obhaliso abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kumanqanaba 1 okanye 5 okuhlwempuzeka afunyanwa kumanani obhaliso e-EMIS njengoko ebaliwe *kwi-Annual School Survey (ASS)*.

- **Iminyaka yabafundi abafundiswayo (*input*) komfundi onesidanga weFETC**

Le yiminyaka yokuhamba isikolo urhulumente atyala imali ngayo ukuvelisa umfundu weBakala 12 okanye umfundu onesidanga Ngenxa yokuba abafundi bephinda kwanangenxa yokuba beyeka isikolo phambi kokuphela kweBakala 12, inani leminyaka isoloko ingaphezu kweminyaka eli-12. Nakuba kunjalo, ngokugcina inani leminyaka libe sezantsi kangangoko kunokwenzeka, urhulumente unokubonelela ngemfundu engaphezulu ekumgangatho ophezulu kubantu abaninzi.

Uvimba weDatha (*Source*):

Amaphondo awanako ukubala lo Mlinganiselo weNtsebenzo (PM) kungokunjje, ngenxa yokuba oovimba bedatha abafumaneki.

► **PM005: Eyona avareji iphezulu kwibakala lesikolo efunyenwe ngabantu abadala abangabemi.**

Ixabiso elilelona liphezulu elinokubakho kulo mlinganiselo wentsebenzo ngu-12. Oku kuya kuba yimeko yokuba bonke abantu abadala kubemi belizwe babe bagqibe iBakala 12. Njengoko uluntu lwethu luye lusiba lolufundileyo, ixabiso lalo mlinganiselo wentsebenzo kufanele ukuba liyasanda. Kufanele silindele ukwanda okufanelekileyo okuthe gqolo, njengoko kuthatha iminyaka emininzi ukuhamba isikolo kwaye no-ABET uza kutshintsha amanqanaba kwinto yonke kumacandelo onke emfundo kubo bonke abemi belizwe abangabantu abadala.

Uvimba weDatha (*Source*):

Kwiminyaka engeyiyo eyokwenziwa kobalo-bantu, idatha yenyumareyitha nedinomineyitha isekelwe kwidatha eyisampula efunyenwe kwiisaveyi zamakhaya ii*StatsSA household surveys*.

► **PM006: Ireyithi yolwazi lokufunda nokubhala kabantu abadala**

Le yipesenteji yabantu abadala abanako ukufunda nokubhala, kwinqanaba lesiseko ubuncinane. Umgao-nkqubo wethu uqinisekisa ilungelo kwimfundu esisiseko kubo bonke abantu abadala ababevinjwe amathuba kwithuba elidlulileyo. Lo mlinganiselo wentsebenzo ubalulekile ngenxa yezizathu zamalungelo oluntu nangenxa yezizathu zophuhliso lwezoqoqoshu kurhulumente. Injongo yethu kukuba sifikelele kwireyithi engu-100% kulwazi lokufunda nokubhala kabantu abadala.

Uvimba weDatha (*Source*)

Kwiminyaka engeyiyo eyokwenziwa kobalo-bantu, idatha isekelwe kwidatha eyisampula efunyenwe kwiisaveyi zamakhaya ii*StatsSA household surveys* okanye kuqikelelo lwabemi belizwe ebonelelwie yi-DoE.

► **PM101: Ipesenteji yezikolo eziphumeza iSchool Administration and Management System**

I-School Administration and Management System (SAMS) yisistim eqlunqwe nguzwelonke yekhompyutha (computerised system) evumela izikolo ukuba ziququzelele ze zisebenzise ingcaciso yazo yabafundi, ootishala, izibonelelo nezemali ngokubonakalayo nangempumelelo. Ngokubalikhulu kwenani kwiSAMS, sinokulindela neenkonzo ezingcono ezikolweni.

Uvimba weDatha (*Source*):

Zonke izikolo azinazo ngqo iiSAMS ezisebenzayo, koko zonke izikolo zineCEMIS esebebenzayo. Ifumanekile imvume kwi-DoE yokwenza uqhagamshelwano phakathi kwe-CEMIS neSAMS. Ngoncedo IweCel, kufunwe iinkonzo zomhlalutyi (analyst) ukuqalisa ngokuphunyezwu koqhagamshelwano oluphakathi kweCEMIS neSAMS.

► **PM102: Ipesenteji yezikolo ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha lisebe**

I-meyili inceda izikolo ngokuthi ziqhagamshelane nesebe xa kukho ingxaki isebe ekufuneka lizisombulule. Le ndlela yonxibelelewano ikwavumela isebe ukuba linxibelelane ngokukhawuleza malunga nengcaciso engotshintsho kwimigaqo-nkqubo, iiprojekthi eziqhubekekayo neesetyhula eziqhelelekyo. Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zikonwabele ukunxibelana nalo ngekhompyutha (*e-connectivity*).

Uvimba weDatha (*Source*):

I-ASS ibonelela ngengcaciso emalunga nenani lezikolo ezisebenzisa i-imayili ukwenzela iinjongo zolawulo.

► **PM103: Inani labafazi abantsundu abakwizikhundla eziphezulu zolawulo**

Le yipesenteji yenani labafazi abantsundu abakwizikhundla zolawulo eziphezulu. Nangona ulingano kwezengqesho (*employment equity*) bufikelela kuninzi lweengingqi, ipesenteji yabafazi abantsundu kwizikhundla zolawulo ibalulekile ekugxininiseni inkqubela ngakubulungisa kwezengqesho kumaSebe eMfundu amaPhondo.

Uvimba weDatha (*Source*)

IPESALI

► **PM104: Ipesenjeji yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumene nabasebenzi (non-personnel items)**

Le yipesenteji yenkcithi yezemfundo, ngaphandle kwenkciro kumaseko ezakhiwo (*physical infrastructure*) (*ezinganxulumene nabasebenzi (non- personnel) nezibhekiselele kwizinto ezinganxulumananga nabasebenzi ezifana neencwadi zezifundo (textbooks), izinto zokubhala (stationery) nenqubo yokuthuthwa kwabafundi.*

Uvimba weDatha (*Source*)

lingxelo zeBhajethi yePhondo neeNgxelo zoNyaka

► **PM201: Inani leentsuku zabafundi ezibonelelwa yiprogram yesondlo**

Eli linani lezidlo zasemini (*lunches*) ezibonelelwa zizikolo, ngeprogram yesondlo karhulumente, eyahlulwe ngazo zonke iintsuku zomfundu enyakeni (usuku lomfundu kukuza komfundu kube kanye kusuku olunye). Le pesenteji iyanyuka xa iprogram yesondlo ifikelela kubafundi abaninzi okanye xa umfundu ngamnye efumana izidlo zasemini ezingaphezulu kunya omnye. Eyona iphezulu enokwenzeka ngu-100%. Sinokulindela ipesenteji ibe phezulwana kulo maphondo anamanqanaba angawona aphezulu entlupheko.

Uvimba weDatha (*Source*)

I-ASS inombuzo malunga nenani labafundi elifumana inkxaso phantsi kweNSNP. Ngokwangoku ayiqokeleli ngaciso ngenani leentsuku ekubonelelwa ngazo le nkxaso kwisikolo ngasinye, kodwa abanye oovimba bedatha bephondo basetyenziselwa le njongo.

linkcukacha-manani ngesondlo ezikolweni zicacisiwe kwiitheyibhile zeenkukacha-manani kwaye zibonisa zombini inani labafundi abazuzayo kwiprogram, kwakunye nenani eliyi-avareji leentsuku zesikolo le program yesondlo efikelela kulo.

► **PM202: Ipesenteji yabafundi kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa eziqhelekileyo**

Le yipesenteji yabafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente eziqhelekileyo. Ngokwembali, abafundi abafana naba bebenengxaki yokufikelela kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nangona ngokwembono yomgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi karhulumente, kufuneka kuthathwe amanyathelo ukwenza ufikelelo lube lula kubafundi abakhubazekileyo.

Uvimba weDatha (*Source*)

Lo mlinganiselo wentsebenzo (PM) awukhange ubalwe kungokunje ngenxa yokuba oovimba bedatha abafumaneki. Kuqikelelwa ukuba kwixa elizayo ingcaciso iya kufunyanwa ngamaxwebhu eCEMIS angensiwe zizikolo.

► **PM203: Ipesenteji yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinamanzi**

Le yipesenteji yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinodidi oluthile lwasibonelelo samanzi acocekileyo. Ukwenzela izizathu zempilo nezinye izizathu, kubalukile ukuba zonke izikolo zibenamanzi acocekileyo kumasango azo.

Uvimba weDatha (*Source*)

Idatha ye-ASS enokusetyenziswa kuloo nyaka kubhekiswa kuye.

► **PM204: Ipesenteji yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinombane**

Le yipesenteji yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinodidi oluthile lwasibonelelo sombane. Umbane yinto yokuqala ebalulekileyo ekuqalisweni kosetyenziso lwezixhobo zethekhinoloi yala maxesha (*modern technologies*) enokuphucula ulawulo, ukufundisa nokufunda esikolweni.

Uvimba weDatha (*Source*)

Idatha ye-ASS enokusetyenziswa kuloo nyaka kubhekiswa kuye.

► **PM205: Ipesenteji yezikolo ezinenani elaneleyo leethoyilethi ezisebenzayo.**

Eli linani lezikolo ezinazo ubuncinane iithoyilethi ezimbini ezisebenzayo ukwenzela iklesi nganye. Ukwenzela izizathu zempilo nezizathu zokuhamba isikolo, kubalulekile ukuba inkqubo yesikolo (*schooling system*) izondelele ukufika kulo mimiselo ungowona usezantsi kuzo zonke izikolo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Inani elipheleleyo leethoyilethi neendawo zokuchama (*urinals*), kwakunye nenani elipheleleyo leethoyilethi neendawo zokuchama (*urinals*), ezingasebenziyo, zifunyanwa kwicandelo lococeko le-ASS. "Inani elipheleleyo leeklesi ezisetyenziselwa ukufundisa " okanye "inani elipheleleyo labafundi kwisikolo ngasinye "likwafunyanwa kwi- ASS.

► **PM206: Inkcitho kulungiso njengepesenti yexabiso lamaseko ophuhliso ezikolo**

Kubalulekile ukuba izakhwiwo ezikhoyo nezixhobo kwinkqubo yesikolo zinokugcinwa kakuhle, ukuze zisebenze ngokupheleleyo, kuncitshiswe nokutshintshwa kwazo. Umgao-nkqubo ucacisa ukuba inkcitho yonyaka kulungiso (maintenance) lwezibonelelo ifanele ukufikelela ubuncinane ku-1.5 wesixa esipheleleyo sezo zibonelelo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Amanani ayinkcitho yokulondoloza izibonelelo aqinisekiswa ngamasebe ezemali ePED (*PED's financial departments*), ngokwegridi ye-SCOA, kwaye isixa esipheleleyo see-asethi esiyi-capital asset value sithathwa kwirejista (kwiirejista ) zee-asethi ezifanelekileyo ezigcinwe yi-PED okanye iSebe lezeMisebenzi kaRhulumente lephondo.

► **PM207: Ipesenteji yezikolo ezinabafundi abangaphezu kwabafundi abayi-40 kwiklasi nganye**

Le yipesenteji yezikolo ezinomlinganiselo wabafundi omawufundiswe ngutitshala ongaphezu ko-40. liklasi ezinkulu kakhulu ngokucacileyo azikulungelanga ukufundiswa nokufunda okusemgangathweni, kwaye injongo kukuthoba le pesenteji ihle iye ku-0%.

Uvimba weDatha (*Source*):

Omabini amanani awabafundi nawootitshala athathwe kwi-ASS.

► **PM208: Inani lezikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 apho zonke izikolo zineLTSM nezinye izibonelelo ezifunwayo eziziswa ngolo suku lokuqala lwasikolo**

Le yipesenti yezikolo ezixhomekeke kwisebe ekuthengweni kweencwadi ze-LSTM nezifumene zonke izinto ezi-odolwego ngosuku lokuqala kunyaaka wesikolo.

Uvimba weDatha (*Source*):

ICandelo leYunithi enika iNkxaso eKwenziwen kweeMisebenzi linengcaciso ngokuziswa kweencwadi zezifundo.

► **PM209: Ipesenteji yezikolo ezilawulwa ngokwemeko yeSiqendu 21**

Le yipesenteji yezikolo ezinikwe imisebenzi yolawulo ethile kubandakanywa imisebenzi yolawulo lwezemali, ngokweSiqendu 21 kuMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika. (Oku akunanto yakwenza neenkampani eziphantsi kweSiqendu 21) Kubalulekile ukuba uninzi lwezikolo zenziwe zilungele imeko yokuzilawula ngokwazo (*self-management status*) ukuze izikolo zibenako ukunika impendulo ngempumelelo kwimiba yoxinzelelo.

Uvimba weDatha (*Source*):

LiCandelo loLawulo lweBhajethi elinale ngcaciso.

- **PM210: Ipesenteji yeentsuku zokusebenza ekuphulukenwe nazo ngenxa yokungabikho kukatitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.**

Lo mlinganiselo wentsebenzo uthathela ingqalelo nakuphi na ukungabikho kootitshala ezikolweni, nangasiphi na isizathu, aphi bekungekho titshala ibambeleyo. Ukuze izikolo zisebenze kakuhle, kubalulekile ukuba abafundi basoloko benootitshala. Injongo kukuba kugcinwe lo mlinganiselo wentsebenzo usezantsi kangangoko.

Uvimba weDatha (*Source*):

YIPESALI Nangona bengachanekanga oovimba bengcaciso abakhoyo ngokungabikho kootitshala esikolweni kuba iPESALI ingenayo ingcaciso ngokuba bangaphi na ootitshala abebengekho kungekho titshala ubambeleyo esikolweni.

- **PM211: Ipesenteji yeentsuku zokufunda abafundi abaphulukene nazo ngenxa yokungabikho esikolweni kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**

Lo mlinganiselo wentsebenzo uyafana no-PM210, kodwa uthathela ingqalelo abafundi kunootitshala. Nakuphi na ukungabikho esikolweni nangowuphi na umfundi kungathathelwa ingqalelo ngulo mlinganiselo wentsebenzo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Isebe alikhange libenayo iinkqubo ezisebenzayo (*operational systems*) ukuze zibonelele ngeenkukacha ngeentsuku zokuya kwabafundi esikolweni ekuphulukenwe nazo ngenxa yokungabikho esikolweni. Kuqualiswe inkqubo kungokunje yokufumana le ngcaciso ngeengxelo zekota ezingeniswa zizikolo kwixa elizayo.

- **PM212: Umlinganiselo wenani lentsebenzo kwizikolo ezhlelelekileyo ukuya kwezi zikolo zimi kakuhle ngokumalunga neBakala 3**

Le yi-avareji yamanqaku okufunda nawemathematika (*reading and mathematics scores*) yabafundi beBakala 3 kwesona sikolo sikumgangatho ophansi ngokubhekiselele kwi-avareji yabona bafundi bakumgangatho ophansi, elicaciswe njenepesenti. Kubalulekile ukuba kuthathelwe ingqalelo imikhwa eyimbali yobandlululo yenkcithomali engalinganiyo kubafundi. Kukwabalulekile nokuba kuqinisekiswe ukuba ukungalingani kwiziphumo zabafundi kuncitshiswe, khon' ukuze abafundi babenesiqalo esilinganayo ebomini.

Uvimba weDatha (*Source*):

Iziphumo zovavanyo lweBakala 3 kwiphondo

- **PM213: Ireyithi yokuphinda kumaBakala 1 ukuya ku-7**

Eli linani labafundi abaphindayo kwibakala abakulo kumaBakala 1 ukuya ku-7, elahlulwe ngabo bonke abafundi ababhalise kumaBakala 1 ukuya ku-7. Ireyithi yokuphinda ephezulu kakhulu ineendleko kakhulu kwaye inokubangela umonakalo ekufundiseni nasekufundeni. Injongo kukuba kugcinwe lo mlinganiselo wentsebenzo usezantsi kangangoko.

Uvimba weDatha (*Source*):

I-WCED, ngokwembali, iqokelele ingcaciso yabafundi abaphindayo ngefomathi edibanisa onke amamani (*aggregated format*) evela kwizikolo kwiinyanga ezintathu kuloo nyaka ulandelayo wezfundo. Nangona kunjalo, ukuphicothwa kweencwadi zemali kwizikolo ezikhethiweyo kubonise ukuba le ngcaciso ayisoloko ichanekile. Isistim yokulandeleta umkhondo wabafundi (*learner tracking system*) yaphunyezwa ngo-2006 kwaye ngo- 2006 unyaka wesikolo wawubonwa njengonyaka wokulinga (*a pilot year*) ukuze kujongwane neengxaki zokuqala isistim entsha.

- **PM214: Inani labafundi kumaBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala noLwazi lokuFunda nokuBhala**

Lo mlinganiselo wentsebenzo usekelwe kwakulo datha ifanayo neye- PM212. Ubonisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala 3 abathe ngokwe-avareji bafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala noLwazi lokuFunda noBhala.

Uvimba weDatha (*Source*):

Iziphumo zovavanyo lweBakala 3 kwiphondo

- **PM215: Ipesenteji yabafundi kwiBakala 6 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika, kuLwazi lokuFunda nokuBhala nakwiiSayensi zeNdalo**

Lo mlinganiselo wentsebenzo ubonisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala 6 abathe ngokwe-avareji bafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kulwazi lokubala nakuLwazi lokuFunda noBhala nakwiiSayensi zeNdalo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Iziphumo zovavanyo lweBakala 6 kwiphondo

- **PM216: Ipesenteji yabafundi abangamtombazana abafundi iMathematika neSayensi kumaBakala 10 ukuya ku-12**

Le yipesenteji yabafundi abangamtombazana ababhalise kwiMathematika nakwiiSayensi kumaBakala 10, 11 no-12. Ngokwembali, amantomabazana amelwe ngamanani asezantsi kwezi zifundo, ngako oko ukuthatha inxaxheba kwabo okwandisiweyo kungaba sisalathi esibalulekileyo senyathelo elibhekiselele ngakwicandelo elijonge nokungqinelanisa anamanani ngokwesini (*gender-balanced FET band*).

Uvimba weDatha (*Source*):

ISaveyi yeZikolo iAnnual School Survey iqulethe ingcaciso ngenani labafundi abangamadoda nabangabafazi abafunda iMathematika neSayensi kumaBakala 10 – 12, kwaye ikwanika ingcaciso ngenani lilonke labafundi kula mabakala.

- **PM217: Umlinganiselo wenani lentsebenzo kwizikolo ezhlelelekileyo ukuya kwezona zikolo zimi kakuhle ngokumalunga nereyithi yokupasa kwiBakala 12**

Le yi-avareji yamanqaku eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kubafundi beBakala 12 kwesona sikolo sikumgangatho ophantsi ngokubhekiselele kwi-avareji yabona bafundi bakumgangatho ophantsi, ecaciswe njenepesenti. Lo mlinganiselo wentsebenzo ke ngoko uyafana nominganiselo ongu-PM209 .

Uvimba weDatha (*Source*):

IZiko leDatha leSatifikethi seMatriki kuZwelonke.

- **PM218: Ireyithi yokuphinda kumaBakala 8 ukuya ku-12**

Oku kuyafana no-PM213 ngaphandle kokuba lo mlinganiselo wentsebenzo ujongene namaBakala 8 ukuya 12.

Uvimba weDatha (*Source*):

I-WCED, ngokwembali, iqokelele ingcaciso yabafundi abaphindayo ngefomathi edibanisa onke amamani (*aggregated format*) evela kwizikolo kwiinyanga ezintathu kuloo nyaka ulandelayo wezfundo. Nangona kunjalo, ukuphicothwa kweencwadi zemali kwizikolo ezikhethiweyo kubonise ukuba le ngcaciso ayisoloko ichanekile. Isistim yokulandeleta umkhondo wabafundi (*learner tracking system*) yaphunyeza ngo-2006 ngo- 2006 unyaka wesikolo wawubonwa njengonyaka wokulinga (*a pilot year*) ukuze kujongwane neengxaki zokuqala isistim entsha.

- **PM219: Umlinganiselo wokuPasa (*Pass ratio*) kwiimviwo zeBakala 12**

Eli linani eliyitotali labafundi abapase iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngonyaka, lahlulwe ngenani elipheleleyo labafundi abaneminyaka eyi-18. Oku akufani nereyithi yokupasa yeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Lo mlinganiselo wentsebenzo uthathela ingqalelo yezinto ezimbini. Okokuqala, bangaphi na abafundi abalulutsha abathathi inxaxheba kwiimviwo. Okwesibini, bangaphi na abafundi abalulutsha ababhala iimviwo baze bazipase.

Uvimba weDatha (*Source*):

Ingxelo yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke yonyaka ongaphambili. Amanani abemi ababudala buli-18 leminyaka abalwa ngokwamanani oqikelelo abemi belizwe (*population estimates*) abonelelwa yi-DoE.

► **PM220: Umlinganiselo wenani lokuPasa (Pass ratio) kwiimviwo zeMathematika neSayensi kwiBakala 12**

Eli linani eliyitolali labafundi abapase iMathematika okanye iSayensi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, elahlulwe ngenani elipheleleyo labafundi abaneminyaka eyi-18. Ngokufanayo nenani elingumlinganiselo wokupasa kwizifundo zonke, (Jonga kwi-PM219), lo mlinganiselo wentsebenzo ubonelela ngembono yokuba linani elingakanani na inani labapasayo kwinkqubo yezemfundo xa lithelekiswa nabemi belizwe.

Uvimba weDatha (*Source*):

Iziko ledatha leeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke liquethe ingcaciso engamanani abafundi abapase iiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwiSayensi nakwiMathematika okanye zombini. ISebe iDoE linika amanani oqikelelo abemi belizwe ngokumalunga nenani labafundi abane-18 iminyaka kwiphondo.

► **PM221: Ipesenteji yabafundi kwiBakala 9 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zokufunda**

Lo mlinganiselo wentsebenzo ubonisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala 9 abathe ngokwe-avareji bafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo

Uvimba weDatha (*Source*):

Iziphumo zeBakala 9

► **PM301: Ipesenteji yezikolo ezizimelyo eznikwa inkxaso-mali ezihanjelwayo ngenjongo yokubeka esweni inkqubo yazo**

Le yipesenti yezikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali karhulumente ezihanjelwayo ukwenzela injongo yolawulo lomgangatho lisebe apha enyakeni. Kubalulekile ukuba urhulumente abeke esweni umgangatho wemfundo eqhubeka kwizikolo ezizimeleyo, ngakumbi ezo zifumana inkxaso-mali karhulumente, aze athathe amanyathelo apho imigangatho esezantsi ingafikelewanga.

Uvimba weDatha (*Source*):

li-ofisi zeZithili zeMfundu

► **PM401: Ipesenteji yabantwana abaneemfuno ezizodwa abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abangabhalisanga kumaziko emfundo**

Le yipesenti yabantwana abakhubazekileyo abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abangabhalisanga kulo naliphi na iziko lemfundo. Kubalulekile ukuba urhulumente abonelele ngofikelelo olwaneleyo nolufanelekileyo kwizikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukulungiselela aba bafundi. Ngokunqwenelekayo lo mlinganiselo wentsebenzo kufanele ube ngu-0% ngokwamanani (*carry a value of 0%*.)

Uvimba weDatha (*Source*):

Kusetyenziswe idatha efanelekileyo efumaneka kwi-*General Household Survey* yakutshanje.

► **PM501: Inani labafundi beekholeji zeFET ngokunxulumene nolutsha kwiphondo**

Eli linani labafundi beekholeji zeFET bayo yonke iminyaka yobudala, elahlulwe ngamaqela olutsha olukwi-16 ukuya kwi-18 iminyaka. Ngalo gama uninzi lwabafundi beekholeji zeFET banokuba ngaphezu kweminyaka eyi-18, lo mlinganiselo wentsebenzo nangona kunjalo unika ingcaciso esebezisekayo ngokuba iikholeji zeFET zizenza njani na iinkonzo kulutsha nakubemi belizwe ngokubanzi.

Uvimba weDatha (*Source*):

Kwiminyaka engeyiyo eyokwenziwa kobalo-bantu, idatha isekelwe kwidatha eyisampula efunyenwe kwiisaveyi i*General Household Survey* okanye kuqikelelo lwabemi belizwe ebonelelwie yi-DoE. Amanani okubalwa kwabafundi beFET ngokuthe ngqo afunyanwa kwiikholeji zeFET.

► **PM502: Ipesenteji yabafundi ababhinqileyo amakumacandelo obugcisa (technical fields)**

Le yipesenteji yabo bonke abafundi ababhinqileyo kwiikholeji zeFET ababhalise kumacandelo obinjineli nobugcisa. Ngokwembali, amanani obhaliso lwabafundi ababhinqileyo kula macandelo ebesoloko esezantsi. Ngenxa yobulungisa kwezesini le meko kufuneka iphucuke.

Uvimba weDatha (*Source*):

Nangona iirekhodi zobhaliso zeekholeji kufuneka zibenayo yonke ingcaciso ukwenzela ukubalwa kwePM, kungokunje akukho ndlela icwangciseke kakuhle yePEDs okanye yeDoE yokuqokelela le ngcaciso. Idatha yale PM kungokunje ifunyanwa kwiikholeji zeFET.

► **PM503: Ireyithi yebafundi abagqibile kwiikholeji zeFET**

Eli linani labafundi abapasa iimviwo zokuphela konyaka, elahlulwe ngenani lilonke labafundi abangene kwinkqubo yeeholeji zeFET ngenjongo yokupasa iimviwo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Ukuqokelela le datha ngoku yinkqubo entsonkothileyo kakhulu, nekuya kufuneka ukuba iikholeji ziqeleshwe ukuze zifikele kulo njongo. Akukho zimviwo zicwangciselwe ithuba elinye lonyaka kubo bonke abafundi abaya kubonelela ngesiseko esilula ukuze kwenziwe izibalo, njengoko kungekho qumrhu lovavanyo linye-iSETA nganye ineemfuneko zayo zovavanyuo lweenkqubo zayo). Idatha yale PM kungokunje ifunyanwa kwiikholeji zeFET.

► **PM504: Ipesenteji yabafundi abafakwe kuqeleshelo-msebenzi (*learnerships*) kwiikholeji zeFET**

Aba ngabafundi abakuqeleshelo-msebenzi abafumana uqeleshelo lwabo kwiikholeji zeFET, njengepesenti yabo bonke abafundi abakuqeleshelo-msebenzi kwiphondo. Lo mlinganiselo wentsebenzo ubonisa ukuba iikholeji zeFET zisebenza kangakanani na ukutsalela abafundi bazo kwinkqubo zoqeleshelo-msebenzi.

Uvimba weDatha (*Source*):

Ukugcinwa kweerekhodi kwimisebenzi yoqeleshelo-msebenzi kwiikholeji zeFET ayingomsebenzi obanzi, ngenxa yokuba iisistim ze-IT zeekholeji azilungiselelwanga olu hlobo longenelelo ngoncedo lunqwenelekayo. Uqeleshelo-msebenzi aluyo nkalo iphambili yeeholeji zeFET (Ukuba luzixhasa ngezimali ngokwalo). Likholeji ziqhube uqeleshelo-msebenzi njengeeyunithi ezahlukileyo zoshishino, ukuqesha abasebenzi (abolawulo, ootitshala, abaphathi beeprekthi, njl.njl). Ukuphunyezwa kwe-FETMIS (*learner-tracking system for FET colleges*) kwixa elizayo kuya kunceda ekuboneleleni ngale ngcaciso.

► **PM601: Inani labafundi be-ABET ngokunxulumene nabantu abadala kwiphondo**

Eli linani labafundi ababhalise kumaziko e-ABET, elahlulwe ngenani lilonke labantu abadala kubemi belizwe. Le pesenteji ibonelela ngenkazo ngokuba axande kangakanani na amalungiselelo karhulumente okubonelela u-ABET kweli phondo.

Uvimba weDatha (*Source*):

Kwiminyaka engeyiyi eyobalo-bantu (*non-census years*), amanani abemi belizwe kubantu abadala afunyanwa kwi-General Household survey kulo nyaka kubhekiselwe kuwo okanye amanani oqikelelo abemi belizwe njengoko abonelelwwe yiDoE.

► **PM701: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala R elixhaswa ngezimali ngurhulumente**

Eli linani elipheleleyo labafundi abakwiBakala R elixhaswa ngezimali ngurhulumente kwizikolo zikarhulumente okanye kumaziko oluntu), elahlulwe ngalo lonke inani labafundi abaminyaka mihihanu (*five-year-olds*) kubemi belizwe. Lo gama ingeyonjongo karhulumente ukuba ukufikelela ku-100% ngokumalunga nalo mlinganiselo wentsebenzo (abanye abafundi kulindeleke ukuba beze kumaziko abucala), umgaqo-nkqubo ucacisa ukuba masibe sele sifikelele kwelona nqanaba liphezelu ngo-2010, eliphakathi kwe- 80% ne- 90%.

Uvimba weDatha (*Source*):

Nangona i-ASS inokuthathwa njengovimba wedatha ofanelekileyo kwiBakala R elisesikolweni, ayifikelei kulo maziko asekuhlaleni. Nangona injongo yoMgaqo-nkqubo oSebenzayo 5 (*White Paper 5*) ibiyi-10% okanye babe ngaphantsi abafundi abafundiswa kumaziko asekuhlaleni, ukuphunyezwa kumaphondo awahlukileyo kuhokelele kwimeko apho bebaninzi ngokungaphezulu abafundi abasebeniza amaziko oluntu asekuhlaleni. Amanani athathwe kwi-ASS angaba ngangachanekanga kakhulu ke ngoko.

Ukufikelela kumaziko amaninzi nakude asemaphandleni kuhlala kungumneni kwizithili zemfundo. Oku kukwathintela ukuqokelewa kwedatha okuchanekileyo malunga namaziko oluntu eBakala R, njengoko uninzi kula maziko kungamaziko asematyotyombeni nangenazidilesi zeposi/ zendawo yokuhlala ukuze kuziswe iifom zesaveyi. Ukungqinisiswa kweminyaka yobudala kuwo onke amaziko kuyimfuneko ukuze kuqinisekiswe ngokuchaneka kwamabango.

Ngaphandle kwemingeni yedatha, iGHS ngoyena vimba wedatha ufanelekileyo unokusetyenziselwa idinomineyitha yale PM.

## **IPHEPHA ELILANDULAYO**

Olu xwebhu, luxwebhu oluguqulweyo oluyikopi yoxwebhu lweKomiti yophicotho olwatyikitywa lwaza lwamkelwa, kwaye iKomiti yoPhicotho ehlanganisiweyo ayinakubekwa butyala xa kuthe kwafumaniseka ukuba akugulwanga ngokuchanekileyo xa bekuguqulwa.

### ISiqendu 3 – Ingxelo yeKomiti ye-Odithi

INGXELO YEKOMITI YE-ODITHI KARHULUMENTE WEPHONDO LENTSHONA KOLONI YESEBE LEMFUNDU (YEBHAJETHI 5 ) YONYAKA-MALI OPHELA NGOMATSHI 2009.

## 1. Intshayelelo

IKomiti ye-Odithi inovuyo ukunikezela ngengxelo yayo yonyaka-mali ukhankanywe ngasentla ophela ngoMatshi 2009.

## 2. Amalungu eKomitii ye-Odithi nabo bathi baya ezintlanganisweni

IKomiti ye-Odithi inamalungu ayo adwelisiweyo apha ngasezantsi. Kulindeleke ukuba idibane ubuncinane KANE ngonyaka ngokweMigqaliselo yokuSebenza (*Terms of Reference*) kwayo ovunyiweyo. Ngalo nyaka umiyo, kwabanjiwa iintlanganiso ZANTANDATHU:

### 3. Amalungu alo nyaka

lintlanganiso eziyiweyo

Mnu RG Nicholls (USihlalo – ingqesho yethutyanu iphele nge- 31 Julayi 2009).	6
Gqr L Kathan	6
Nks B Daries	6
Nks P White	6
Mnu L Mdunyelwa	2

(Lilungu lekomiti elinyulwe nge-1 Oktobha 2008 noye emva koko wanyulwa niengoSihlalo weThutvanya ukusuka kowe-1 Agasti 2009).

#### 4. Umsebenzi oluxanduva IweKomiti ye-Odithi

IKomiti ye-Odithi inika ingxelo yokuba ilandele ngqo imisebenzi eluxanduva lwayo esuka kwiSiqendu 38(1)(a) soMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, wowe-1999 (UMthetho 1 wowe-1999) (*Section 38 (1)(a) of the Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*) noMqathango 3.1.13 omalunga nezoLawulo IweMali, niengoko kuyimfuneko.

## 5. Impumelelo kuLawulo Lwangaphakathi

Ngokoluvo Iwam, iingxelo ezamkelweyo ebejisuka kwababonelela ngeenkonzo nengcaciso echaziweyo ngethuba leentlanganiso zeKomiti ye-Odithi, imeko yolawulo yokusebenza yangaphakathi (*internal control environment*) iqulathe iimpazamo ezininzi, emazilungiswe kunyaka-mali ophela ngoMatshi 2010.

Isitraktsha esisekiwego, esiyiKomiti yoku-Oditha (*Audit Monitoring Team*), asikwazanga ukujongana ngokwaneleyo nezinto ezifunyanisiwego ezipifikanyiswe nguMphicothi-ncwadi Jikelele zaxhaswa yiKomiti yoku-Oditha, liSebe loku-Oditha Langaphakathi nasisiSCOPA. Nangona kwakunikwe ingxelo ngalo mba ngaphambili, ama-36% ezi zinto azikasonjululwa.

## 6. U-Oditho Lwangaphakathi

U-Oditho Lwangaphakathi Iwatshintshwa ekupheleni konyaka wokunika ukusuka kumboneleli wenkonzo wangaphandle yensiwa ngumboneleli wenkonzo wangaphakathi. Nakuba kunjalo, njengoko kufakwe ingxelo kwiminyaka emithathu edlulileyo, u-Oditho Lwangaphakathi alwenzekanga ngempumelelo ekudaleni inguqu eyiyo eyimfuneko ngenxa yokuba nangoku lulanke, lunabasebenzi abanqongopheleyo. Ngenxa yesi siphumo, iSicwangciso esivuniyewo so-Oditho Lwangaphakathi sowe-2008/2009 (*the approved 2008/2009 Internal Audit Plan*) asiphunyezwanga sonke.

**7. Umgangatho weengxelo zenyanga/zekota zokubeka esweni eziqhube ka enyakeni ezifakwa ngokwe-PFMA kanye noMthetho wokwaBiwa kweNgeniso (*Division of Revenue Act*)**

limfuneko ezingummiselo ze-PFMA nezoMthetho wokwaBiwa kweNgeniso (*Division of Revenue Act*) ziphunyezwe ngokungephi ngokuphathelele kwiingxelo zenyanga nezekota ezichaphazelekayo. Ezi ngxelo bezingangeriswa qho kwiKomiti ye-Odithi.

**8. UmSebenzi wokuLawulwa kweNgozi**

Ukumisela komsebenzi wokuLawula iNgozi (*Risk Management function*) akukwazanga kuqhubela phambili ngokweMiqathango enguMmiselo, koko iye yalungiselelwa ingqwalaselo yabaphathi abakhulu kulo nyaka-mali umiyo.

**9. Ukuphononongwa kweeNgcaciso zeMali**

IKomiti ye-Odithi:

- yaphonononga yaxoxa ngeengxelo zemali ezi-odithiweyo eziza kufakwa kwinxelo yonyaka yoMphicothi-ncwadi Jikelele neyeGosa yoLawulo lweMali (*Accounting Officer*);
- yaphonononga ileta yabaphathi yoMphicothi-ncwadi Jikelele kanye nempendulo yoko; kanye
- yaphonononga uhlengahlengiso oluqaphelekayo oluvela kwi-odithi.

IKomiti ye-Odithi iyavumelana kwaye isamkela isiggibo soMphathi-ncwadi Jikelele seengxelo zemali kwaye inoluvo lokuba iingxelo zonyaka ze-odithi zinokwamkelwa kanye nengxelo yoMphicothi-ncwadi Jikelele.

Kuyavuyiswana nalo kwakhona iSebe leMfundu, ngokufumana imbono ye-odithi engenamakhwiniba (*unqualified audit opinion*) evela kuMphicothi-ncwadi Jikelele.

**10. Ingcaciso malunga neNtsebenzo**

Umpficothi-ncwadi Jikelele uqwalasele imiba ebalulekileyo enxulumene nokuziswa kwemfundo engundoqo enjengale ilandelayo:

- *DORA – HIV and AIDS Grant*
- *DORA – National School Nutrition Programme Grant*
- *Dinaledi Schools Initiative*
- *Learner Transport Scheme*
- *Supply Chain Management*

NgokoMphicothi-ncwadi Jikelele, ezi zinto ziya kuba yinxaleny yembono ye-odithi ukusuka konyaka-mali ka-2010. ISebe leMfundu lacelwa, ke ngoko, ukuba lizisombulule ezi zinto njengenxaleny yeenkqubo eziqhube kayo zokulungiswa kwezinto, ukuba oko akuphumeleli kuya kukhokelela ekukhutshweni kwengxelo enamakhwiniba (*qualified audit report*) ngo-2010.

**11. Ezinye iinkalo ezixhalabisayo**

Ukuziswa kwemfundo esemgangathweni kuthintelwa koku (phakathi kwezinye izinto):

- Lunxibelelwano olungayondelelanga phakathi koNdlinkulu, ii-Ofisi zeZithili zeMfundu nezikolo;
- Ukunqongophala kokucacisa kwemisebenzi noxanduva phakathi koNdlinkulu, ii-Ofisi zeZithili zeMfundu nasezikolweni ezikhankanywe ngasentla; kanye;
- Neendlela zolawulo lwangaphakathi ezingasebenzi kakuhle.

## **Isigqibelo**

Le Komiti ye-Odithi inqwenela ukuphinda umba wokuba ulawulo olusemgangathweni lweziko (*good corporate governance*) nolawulo lwangaphakathi olululo, ngokukodwa kwiinkalo eziphawuliweyo zokulawulwa kweengozi, ziya kubekwa phambili kulo nyaka-mali mtsha.

Njengoko kuchaziwego kwisihlokwana esingaphambili, owona msebenzi ungundoqo wesebe lemfundo ufunu ukuphononongwa kanye nengqwalaselo, ukuze uphucule umgangatho wemfundu namanganaba entsebenzo. Ukuba kuye kwadalwa izitraktsha ezifanelekileyo, oku kufaka igalelo eliqaphelekayo kwimeko ekhuthaza ukufunda ngokukuko.

**MNU L MDUNYELWA  
USIHLALO WETHUTYANA WEKOMITI YE-ODITHI YESEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
21 AGASTI 2009**

# Report brands SA schools 'dysfunctional'

MPUMELELO MKHABELA

A HIGH-level panel of education experts has concluded that South African schools are largely "dysfunctional".

In a report, commissioned by former minister of education Naledi Pandor, the Ministerial Committee on a National Education and Evaluation Development Unit found indications of "systematic collapse" in schools. "The committee has received consistent reports from schools about confusion, suspicion, and, at times outrage, about the underlying dysfunctionality of schools," the report says.

"Teachers and principals report about time lost because of absentee teachers, incompetent principals, and under-prepared district officials. The culture of teaching and learning has, for all intents and purposes, disappeared, especially in

rural and township schools."

To resolve the problems, the committee, chaired by renowned educationalist Professor Jonathan Jansen, has recommended the promulgation of legislation "as soon as possible" to establish a permanent independent body to conduct monitoring and evaluation at all schools.

"The unit officials must be endowed with legal and political authority to enter classrooms for purposes of monitoring and evaluation," the report says.

The report indicates that while teachers are often singled out, district and provincial authorities are also to blame for failing schools.

The committee's attention was also drawn to the plethora of policies that require teachers to toil away at endless paperwork, taking the emphasis away from the classroom.

The report has been published for public comment.

## ISiqendu 4 – INgxelo zeMali zoNyaka (*Annual Financial Statements*)

Okubhaliwego	Iphepha
INgxelo yeGosa elinoXanduva lokuPhendula ngemiba yezemali ( <i>Accounting Officer</i> ) .....	1
INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ( <i>Auditor-General</i> ) .....	9
INgxelo yoLwabiwo-mali ( <i>Appropriation Statement</i> ).....	14
Ingcaciso ehamba neNgxelo yoLwabiwo-mali .....	24
INgxelo yokuSetyenziswa kweMali ( <i>Statement of Financial Performance</i> ) .....	25
INgxelo yoBume beMali ( <i>Statement of Financial Position</i> ).....	26
INgxelo yokuTshintsha kwii-Asethi ii- <i>Net Assets</i> ).....	27
INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali ( <i>Cash Flow Statement</i> ) .....	28
IMigaqo-nkqubo yokuLawulwa kweMali ( <i>Accounting Policies</i> ).....	29
Ingcaciso ( <i>notes</i> ) ehamba neNgxelo yoNyaka yokuSetyenziswa kweMali) .....	38
Ukwazisa ngokuchaphazeleka kwimicimbi yemali ( <i>disclosure notes</i> ) ehamba neeNgxelo zokuSetyenziswa kweMali zoNyaka.....	51
IziHlomelo kwiiNgxelo zeMali zoNyaka .....	58

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
IBHAJETHI YEMALI YESI-5**

**INGXELO YOMLAWULI WEMALI  
yonyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2008**

**INgxelo yeGosa elinoXanduva lokuPhendula ngemiba yezemali (*Accounting Officer*) kwisiGqeba soLawulo soMthetho samaPhondo seRiphablikhi yaseMzantsi Afrika**

**1. Ukuphononongwa ngokubanzi kwemiba yemali**

Lo nyaka uphantsi kophononongo ube ngumngeni, ngenxa yesiphumo seziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZweloneke seqela lokuqala labafundi beBakala 12 zokubhala iimviwo phantsi kweNgcaciso yeKharityhulam kaZweloneke (*National Curriculum Statement*). Nangona ezi ziphumo bezingaphantsi kwezo zifunyenwe kunyaaka ophelileyo, iziphumo zeli phondo ibisezezonza ziphakame kakhulu elizweni. Ngenxa yesiCwangciso sokuPasa kwaBafundi sikaZweloneke (ngomyinge oMiselwego) (*National Learner Attainment Strategy*) isebe lemfundo liqwalasele ezo zikolo zemfundo ephakamileyo ezafumana umyinge wokupasa ongaphantsi kwe-60% kunyaaka ophelileyo. Kufanele kucaciswe ukuba ngaphezu kwe-50% yezikolo ezikule program zaye zaziphucula iziphumo zazo ngaphezu ko-60%. Nakuba kunjalo, ezinye izikolo ezintsha zayingena le program.

Amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala nawolwazi lokubala aqhubela phambili ngokufumana ingqwalasel egxilileyo, zanikwa amabhaso okuwonga ezo zikolo ziziiprayimari ezaqhoba kakuhle phantsi kweemeko ezingentle.

Icandelo le-ECD liselelona liphezulu kuluhlu lwezinto eziphambili, kwaye kugxininiswe kwiziseko zophuhliso kwaneenkonzo ezinxulumene noko. Isebe lemfundo lisazinikele ekwandiseni inani labafundi abamkelwayo ukuqinisekisa ukuqaliswa kweBakala R kuzweloneke.

Ikholeji ze-FET zaggiba ukwenza isicwangciso sazo semali phantsi kwe *Recapitalisation Grant*, esinika inkxasomali yeminyaka emithathu. Ukuqingqwa kweefizi kwiikhosi ze-NC(V) kusengumngeni kwiikholeji, njengoko zisajongene nokuphelisa iikhosi ii-NATED courses.

Isebe lemfundo likwazile ukuchitha i-99.85% yebhajethi ehlenga-hlengisiwego. Ithagethi emiselwe yi-Ofisi kaNondyebo yePhondo (*Provincial Treasury*) yeyokuba amasebe amele ukuba angachithi ngaphantsi okanye ngaphezulu kwe-1% yebhajethi. Ingaciso yokusetyenziswa kwemali ibonisa iindleko ezenziwego ezingaphantsi kwe-R13,6 yezigidi.

Izizathu zokwenza inkcitho engaphantsi kommiselo zibandakanya okulandelayo:

- Iindleko ezazingaphantsi komlinganiselo kupuhliso lweziseko ezibangelwa kukusetyenziswa kwayo kwiiprojekthi zosetyenziso lwemali olwathi, ngenxa yemingeni yokuthengwa komhlaba, azagqitywa.
- I-WCED ayikwazanga ukufikelela kwiithagethi ezithile. Kwezinye iinkalo iinkcitho ibe ngaphantsi kwalonto bekucwangciselwe yona.
- Apho linako isebe lemfundo, liqalise inyathelo lothintelo ngokuqaliswa ukucwangcisa izinto ngokukuko, ukuphonononga iimeko ezingumngeni nokuhenga-hlengisa iiprojekthi ngokufanelekileyo.

**Intlawulo yemali isuka kwenye i-akhawunti iye kwenye (*virement*):**

I-Ofisi kaNondyebo yePhondo yavuma ngokusesikweni ukwensiwa kwezi ntlawulo phakathi kwamacandelo amabini amakhulu kwiBhajethi:

Ukutshintshwa kwe-R798 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kweye-4 ngenxa yokuhlawulwa kwemali elityala ye-OSD, ehlawulwa ukususela kwithuba elidlulileyo (*backdated*) kuJanuvari 2008.

Ukutshintshwa kwe-R15 096 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 5 ngenxa yeentsuku zekhefu ezaahlawulelwaa ootitshala be-CS abatshintshela ezikholejini ngokoMthetho we-FET, No. 16 ka-2006, ngokunjalo nabaqeshwa abakhetha ukuphuma kwinkubo yezemfundo.

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
IBHAJETHI YEMALI YESI-5**

**INGXELO YOMLAWULI WEMALI  
yonyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2008**

Ukutshintshwa kwe-R2 353 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 5 ngenxa yeentsuku zekhefu eziqokeleleneyo (*accumulated leave*) ezahlawulelwa ootitshala be-CS abatshintshelwa ezikholejini ngokoMthetho we-FET, No. 16 ka-2006, nokulungiselela kananjalo abaqeshwa abakhetha ukuphuma kwinkqubo yezemfundo.

Ukutshintshwa kwe-R3 273 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 5 ngenxa yeemali ezonegeziwego ezanikwa iikholeji ze-FET ngenxa yokuqaliswa kwe-NC(V).

Ukutshintshwa kwe-R788 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 7 ngenxa yokukhula kwenani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo zamaBakala R.

Ukutshintshwa kwe-R4 287 000 ukusuka kwiprogram 3 ukuya kwiprogram 2, i-R292 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 2, yayi-R1 049 000 ukusuka kwiprogram 6 ukuya kwiprogram 2 yaze yayi-R6 181 000 ukusuka kwiprogram 8 ukuya kwiprogram 2. Oku kutshintshwa kweentlawulo konke kubangelwa yinkcitho engaphezulu kwiimpahla neenkonzo, ekhokelela ekusekweli kwe-ofisi yesithili semfundo entsha nasekuhlaziweni kwayo ngokunjalo kunye nembuyiselo (*compensation*) yabaqeshwa.

## **2. Inkonzo eyenziwa lisebe lemfundo**

### **2.1 UMgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kweMali eyiNgeniso (*Revenue Policy*)**

Isebe lemfundo lihlawulisa imali ngeenkonzo ezinxulumene neemviwo, ezinjengomakishwa kweencwadi zeempendulo, izicelo zekopi yesatifikethi sematriki ezimaxabiso amiselweyo liSebe leMfundu likazwelonke.

Isebe lemfundo libonelela ngenkonzo yokufotokopa nokuprinta kumasebe karhulumente kwiphondo ngentlawulo encinane.

### **2.2 linkonzo zasimahla**

Isebe lemfundo aliboneleli ngayo nayiphi na inkonzo esimahla ebinokuthi endaweni yenze ingeniso eqapelekayo.

### **2.3 li-inventri**

I-inventri eyayikho ekupheleni konyaka-mali yayibandakanya imisebenzi esaqhubekeyo (*work-in-progress*) enxulumene neevumelwano zokwakha. Umsebenzi osaqhutywayo uchazwa njengeemvumelwano zokwakha ekuye kwabonelelwa ngeenkonzo zazo, kodwa iimali zazo ezsagciniwego nekusafuneka ukuba zihlawulelwe, njengoko kuvunyelwene nalowo unika inkonzo ngokwemigqaliselo yemvumelwano. Isixa-mali se-WIP yi-R125,586 yezigidi kunyaka lowo uphantsi kophononongo.

## **3. Izithintelo ekuphumezeni umsebenzi**

Nangona isebe lemfundo liluphumeza uninzi lweethagethi zalo, kusekho iziphene ezifumanekayo. Ukusekwa kweekomiti zeesekethe kwinqanaba le-ofisi yesithili semfundo ukunika inkxaso ephuculiwego kwamkelwe zizikolo ngokubanzi. Isebe lemfundo likholelwka ekubenzi ezi komiti zeesekethe ziya kujongana neminye yale mingeni ifunyanwa zizikolo.

Izikolo zijongene nemingeni ekufumaneni ootitshala abanezakhono ezizizo nabaqeqeshwe ngokukuko kwizifundo ezithile. Izifundo ezinjengeMathematika neSayensi zijongene nolona nqongophalo lukhulu. Isebe lemfundo linaso isikim sebasari esiwusombulula ngokuyinxalenyi lo mngeni. Nakuba kunjalo, iSebe leMfundu likazwelonke lisaphanda ngokunjalo ngezisombululo ezinokwenzeka.

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
IBHAJETHI YEMALI YESI-5**

**INGXELO YOMLAWULI WEMALI  
yonyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2008**

Izithuba ezingenamntu kwaNdlinkulu, ngokukodwa kumacandelo emisebenzi axananazileyo (*transversal disciplines*) anjengeCandelo loLawulo IwaBasebenzi (*Human Resources Management*), iCandelo lokuThengwa kweeNkonzo neeMpahla (*Supply Chain Management*) neCandelo loLawulo nokuSetyenziswa kweMali (*Financial Accounting*), zisasele zingumngeni. Isebe lemfundo lithe gqolo lizizalisa izithuba zomsebenzi.

**4. Ukusetyenziswa kweezipho-mali zabaxhasi (*donor funds*)**

Isebe lemfundo alibanga nakufumana baxhasi abaphambili.

**5. Amaziko oshishino namaziko karhulumente (*Trading entities and Public entities*)**

Isebe lemfundo alinawo nawaphi amaziko abizwa ngolu hlobo kwaye lona lilawulwa ngumthetho we-PFMA.

**6. Amaziko esele kukhutshelwe wona iintlawulo**

Uluhlu Iwamaziko asele ekhutshelwe iintlawulo luchaziwe kwisiHlomelo 1C seengxelo zemali zonyaka. Isebe lemfundo lenza iintlawulo kumaziko emfundo ahluka-hlukaneyo.

Iintlawulo zenziwa kumaziko emfundo ngokomthetho wePalamente ochaphazelekayo olawula zona. Umzekelo, iintlawulo zihlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokwemimiselo nemigangatho, njengoko kumiselweyo kuMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*). Uyacelwa ukuba ufunde isiHlomelo 1C ukufumana ingcaciso engaphezulu ngohlobo ngalunye Iweziko Iwemfundo.

Isebe lemfundo lisebenzisa ngokungqongqo iSigendu 38(i)(i) se-PFMA, apho amaziko emfundo afumana iintlawulo kufuneka angqine ukuba achitha ezo mali kwinjongo ezabelwe yona. Amaziko achaphazelekayo kufuneka achaze aze asayine isatifikethi esiphathelele koko phambi kokuba kwensiwe intlawulo elandelayo. Emva koko, ngokomthetho ochaphazelekayo ophathelele kumaziko emfundo, anoxanduva ngokunjalo lokungenisa iingxelo zemali eziphicothiweyo (*audited financial statements*) ungdululanga umhla osikiweyo wokuphonononga nokuthotyelwa komthetho. Le nkqubo ithe gqolo ukubekwa esweni.

**7. (Intsebenziswano namaziko abucala norhulumente – (*public private partnerships*) (PPP))**

Isebe lemfundo alikangeni kuyo nayipi imvumelwano elolo hlobo.

**8. Iimvumelwano zolawulo Iwamaqumrhu (*Corporate governance arrangements*)**

Imimiselo esebenzayo ye-Ofisi kaNondyebo yaggiba ngokusekwa kwenkubo yokulwa ilahleko (*risk-based approach*) kuphicotho-zincwadi IwangaPhakathi. Le nkqubo iyavumelana nengxelo kaKing II.

Inkqubo yokulwa ilahleko ifuna ukubhalwa kwayo yonke ilahleko eqaphelekayo, kodwa ayiphelelanga ekugxileni kwiilahleko ezhaphazela ukusetyenziswa kwemali neelahleko ezhithile.

Kulo nyaka-mali i-Ofisi kaNondyebo yePhondo yenza umsebenzi wokuphicothwa kweencwadi wangaphakathi ngnoncedo lomboneleli-nkonzo wangaphandle, uSihluma Sonke Consortium. Kulo nyaka-mali, ukwensiwa kwalo msebenzi kunatyiselwe (*decentralised*) kwisebe lemfundo.

Isebe lemfundo lineKomiti yokuPhicothwa kweencwadi, enamalungu azimeleyo. Ngoku ikunyaka wesihlanu iseberna. Le komiti ihlangan qho ixoxe nabaphathi. Umsebenzi wokuphicothwa kweencwadi wangaphakathi unika iingxelo ngqo kwiKomiti yokuPhicothwa kweencwadi.

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
IBHAJETHI YEMALI YESI-5**

**INGXELO YOMLAWULI WEMALI  
yonyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2008**

Isebe lemfundo lineYunithi yokuPhononongwa kweLahleko (*Risk Assessment Unit*). Enye yejona misebenzi iphambili kukuqulunqa uMgaqo-nkqubo wokuLawulwa kweLahleko (*Risk Management Policy*) ngokuhambelanayo nomgaqo-sikhokelo woMgaqo-nkqubo woLawulo IweLahleko we-Ofisi kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury Risk Management Policy*). Isebe lemfundo laseka iKomiti yoLawulo IweMicimbi yeLahleko kuMaziko (*Enterprise Risk Management Committee*), likhokelwa yiNtsumpa-Jikelele. Le komiti iya kugxila kulawulo Iweelahleko kumasebe achaphazelekayo. lilahleko zokulawula iziko zibekwe esweni yiKomiti yokuBeka eSweni iLahleko kuMaziko.

Ngonyaka ngamnye, amalungu angabaphathi makazalise angenise isaziso esibhalwe '*No conflict of Interest*' ('Akukho kungqubana kweemfuno'). Onke amalungu ekomiti yokhuphiswano ngamaxabiso nabasebenzi beCandelo IoLawulo IokuThengwa kweeNkonzo neeMpahla (*Supply Chain Management*) ngokunjalo mababhengeze naluphi ungqubano Iweemfuno.

Ukhuseleko Iwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni uphambili kwaye isebe lemfundo liseke intsebenziswano namanye amasebe ephondo achaphazelekayo okujongana nalo mba. Isebe lemfundo linecandelo elijongene nokhuseleko Iwezikolo nemiba enxulumene neziybisi.

**9. Imisebenzi eyekiwego / imisebenzi ekungasayi kuqhutiekwa ngayo**

Ayikho.

**10. Imisebenzi emitsha / ecetyiswayo**

Ayikho.

**11. Ukulawulwa kwee-asethi**

Isebe lemfundo liziphumeze zonke izigaba ezibalulekileyo (*milestones*), njengoko kumiselweyo kwiinguqu zoLawulo Iwee-asethi. Inkubo yokungqiniswa kwee-asethi yensiwa qho kunya ka wesibini ukuqinisekisa ukuphucuka okuthe rhoqo. Zonke ii-asethi ziye zafakwa kwirejista yee-asethi yaze imeko/umqathango nge-asethi nganye warekhodwa.

**12. Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo**

Azikho.

**13. Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi**

Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi irekhodwa qho ngekota ingeniswe kwi-Ofisi kaNondyebo yePhondo. Ingaciso ethile yokusetyenziswa kwemali ayifumaneki kwaye isebe lemfundo lisaxakeke kukuqaphela iisistim ezizizo nemigaqo ethile ukurekhoda ingaciso eyiyo. Isebe lemfundo lenza ilinge (*piloting*) le-Human Capital Leave Management System (HC-LMS) ukufaka iirejista zokuhamba izikolo. Le sistim ijoliswe ekuncediseni ukulandela umkhwa wokungahanjwa kakuhle kwesikolo ngelokulungiselela ukuba isebe lemfundo liqalise amanyathelo okuphucula ukuhanjwa kwesikolo.

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI  
IBHAJETHI YEMALI YESI-5**

**INGXELO YOMLAWULI WEMALI  
yonyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2008**

**14. Iziggibo zeSCOPA**

Imiba ebhekiselele kwingxelo yangaphambili yokuphico-thwa kweencwadi nezigqiblo zeSCOPA	Umba	Okufunyanisiwego kwizinto ezisenziwayo
